

Imimoya Elukuhlayo



Bhotani kusanjanje, zihlobo. Ndiyavuya ukuba lapha ngale ntsasa, nokwazi ukuba ngokunibona nonke nilapha, ndikholwa ukuba iNkosi inathi namhlanje, isiphe ithunzi elincinane, ukuze kungabi shushu kakhulu apha emnqubeni kule nkonzoyakusasa. Ke ngoku si . . .

² Ndiyakholwa, kukuba abantwana abaya . . . Ingaba abantwana sebekhutshelwe kumagumbi okufundela abo, Mzalwana Neville? Ndibona abafu abancinane. Bendicinga ukuba sebekhutshelwe kumagumbi abo okufundela na phaya ngasemva kwe—kwezinye iindawo, kumagumbi abo esikolo seCawe.

³ Ngoku, nindithandazele. Ndinesigqibo ebendimelwe kukusenza phezolo, yaye ndimelwe kukusenza namhlanje. Ibandla ke lithandaze. Ndine—Ndinenkonzo elandelayo ezayo, ilapha kanye e-Iron Curtain umda waseJamani, ngoko ke noko ibuthathaka loo nto. Nize nindithandazele. Ke ngoko, ku, singaqalisa kwangoko kwela bala lokudlalela iqakamba eJamani, awathi walenza uHitler kanye phambi kwemfazwe, yindawo entle enkulu, ihlala amashumi asibhozo amawaka abantu. Kwaye sinokuyifumana ubusuku obulishumi, ngokulandelelana. Ke ngoko siyathemba ukuba singaqalisa apho kwangoku, size siwelele eLa Salle Lorraine, eFrance, ngokulandelayo, kuze kube seBerlin, ukubuya . . . Ndithetha, eBerlin phakathi kwaleyo ne—neFrance.

⁴ Size sibuye, iNkosi ithandile, kwingqungquthela eseChicago. Iyakuqala, ndiyacinga, ngowesihlanu, owesithandathu, owesixhenxe, owesibhozo, nowethoba, yinxaxheba yam eChicago, yengqungquthela ye—yebandla laseSweden. Ukuze ke ibe ngabo, uMnu. Boze, kuni bavela ngaseChicago, banengqungquthela ebisiza kule veki . . . iqala ngomhla wokuqala ku-Agasti, okanye umhla wokuqala ka-Septemba, eSweden. Kwaye ndiyakuvuya kakhulu ukwazi ukuba bandivotele ukuba ndiye, yaze loo nto yamkelwa nguwonke-wonke ngokuvumelana okupheleleyo. Ndivuyiswe kakhulu yiloo nto, kodwa kuphakathi kokuba ndiye apho kungenjalo ndihle apha ngoku. Nize nithandaze ukuba iNkosi indikhokelele ngokuchanekileyo kwindawo apho mininzi khona imiphefumlo eyakusindiswa, nalapho inokuthi eyona ntando ingcono yenzelwe uBukumkani bukaThixo. Ngoku, banaloo ngqungquthela phaya phezulu, na—nabo baseSweden, uthe ke siyakuba namashumi amabini anesihlanu, amashumi amathathu anesihlanu amawaka abantu okokuqala, kuloo ngqungquthela, abaninzi ke babo ngabantu abangasindiswanga.

⁵ Ukuze apha ezantsi eJamani, ke, banebala lezemidlalo elihlala amashumi asibhozo lamawaka. Kakade, thina, eSwitzerland apho sisandula ukusuka khona, besinenkonzo emnandi apho, kwaye abaninzi benu kucacile ukuba abakeva. INkosi isisikelele ngokukhulu, besinamashumi amahlanu amawaka abantu abaguqukayo ngobusuku obuhlanu, e—e—eZurich, eSwitzerland.

⁶ Ke ngoko, uMzalwana Jack Shuler, abaninzi benu bayamazi, ungumWisile, unyana omdala kaBob Shuler. BaseBelfast ngoku, kwaye—kwaye bathi bayayibhukuqa nje loo ndawo, ngaphaya, ngeVangeli, iyinto enkulu nkqu kuleyo uBilly Graham wayenayo kwinkonzo yakhe. UJack ngumfo oselula olunge kunene, uzaliswe yinzondelelo naluthando. Kwaye u—nyaniseke kangako nje kuloo nto ngokokude ndikholelwe ukuba usisicaka esibalulekileyo seNkosi. Kananjalo nimthandazele uMzalwana Shuler. Kwaye—Kwaye nguJack Shuler, noJack MacArthur kananjalo owayekunye naye. UMzalwana Jack MacArthur ungumshumayeli omkhulu, naye. Yaye maninzi amadoda wenkonzo athe yimvuselelo eyeyona inkulu eyakhe yayifumana i-Ireland. Ngoko ke si...Ningene emthandazweni yonke imihla ngenxa yawo—yawo loo madoda. Kokubini asengabafana, ngaphantsi, malunga namashumi amane, ndiyaqonda, okanye ngaphantsi, eneentsapho nokunjalo, engabafundisi beVangeli, yaye siyawathanda.

⁷ Ke ngoko, ndi—ndiyathandaza ukuze ningandilibali, ukuba, kwaye uThixo uyakwenza ukuba ndenze isigqibo esisiso ngoku. Kukho amaxesha oye ngawo ungayazi ukuba mawujikele ngaphi na. Nakhe nafika kwiindawo ezinjalo? Ndiyakholwa ukuba uPawulos wakhe wafikelela kuloo ndawo ngaxesha lithile, akazange? Kwakuphakathi kweenyoba ezimbini. Waze wathi esawela, kuba, wabona ingelosi embonweni yathi kuye, “Yiza ngapha eMakedoni.” Ngoko iNkosi isenayo iNgelosi yaYo, Ayinayo? Ukuba nje ndingathobeka kangako entliziyweni yam ndibe malunga nokuba wayenjalo uPawulos.

⁸ Ke ngoko, kusihlwanje, nikhumbule iinkonzo zeVangeli ezilapha kulo mnquba, wonke umntu aphume. Nina ningaseLouisville, ndizakuthetha kwiBandla e-Open Door, kusihlwanje, okweeyure ezimbalwa, ngecala leyesixhenxe kude kube licala leyethoba, kwaMzalwana Cobbles. Bendizakuza kabini apha. Ke yena uyindoda elunge kakhulu, wandibiza. Kwaye uMzalwana Cobbles, ulinene elilunge kakhulu, mzalwana. Nina, ndiqinisekile nimqhelile, ngumzalwana olunge kakhulu. Andakwazi nje ukuba ndimdanise ngolo hlobo. Nithandaze. Ngaphezu kwezinto zonke, nithandaze, nithandaze ukuba uThixo asinike i—isigqibo esilungileyo ukuba senze sona.

⁹ Ngoku, phambi kokuba siqalise uMyalezo weVangeli, sinentsasa yokusikelelwa kwabantwana abancinane. Kwaye ndinomfo omncinane apha endizakumnikela, ngokunjalo, eNkosini. Ngoku, ngamaxesha amaninzi iinkonzo ezininzi . . .

Niva kakuhle, phaya emva? Ukuba niyeva, ingaba kulungile? La maphiko omoya apha, ndisuka nje, andinakuziva. Hayi, elo, elo lilungile. Ndiyoyika ndingatshabalala ngaphandle kwalo.

¹⁰ Ngoko a—abantwana abancinane, ngamanye amaxesha bayabafefa, enkonzweni, xa besezintsana ezincinci kakhulu. Yaye, kakade, loo nto ivela kwibandla lobuKatolika, ngokuphehlelela abantwana abancinane, okanye, “ukubabhaptiza” njengokuba beyibiza xa besengabafo abancinane nje. Ibandla lamaWisile layikhupha leza nayo loo nto, yokubhaptizwa kweentsana, namaninzi, kwaye ndiyacinga neziliqela ngaphezu koko. Ndingca ukuba yiloo nto umahluko phakathi kwamaNazarene namaWisile wakudala, yayilubhaptizo lweentsana, nezo zincinane zaqhekeka apho njalo njalo. Kodwa, nangayiphi na indlela, akwenzeki, andiqondi ukuba yinto eyingxaki kangako. Ngokuba, ngaphaya koko ndicinga ukuba iKalvari yaba yimpendulo kuloo nto, kanye apho, kuyo yonke, kuba uYesu wafa apho ukuze asindise abantwana abancinane asindise ihlabathi.

¹¹ Yaye umntwana omncinane, kungenamsebenzi nokuba unomzali loluphi na uhlobo, usesonweni kangakanani na, loo nto ayisayi kwenza mahluko konke, kuba iGazi likaYesu Kristu liyamhlambulula, 'yabona, kwaye le yiMvana kaThixo ethabatha isuse isono sehlabathi. Usana alunakuguquka. Alwazi ukuba kuguqukwa njani na. Alinazizathu zokuba lapha, ngokwalo. Alunakukuxelela ukuba kutheni na lilapha nje. Kodwa nguThixo owalithumela apha, kwaye iGazi likaYesu Kristu lilihlambulula kwangaloo mzuzu lingena ngawo ehlabathini. Kwaye kuba njalo kude kububudala bokuba nokuziphendulela, ngoko ke liyazi ukuba yintoni elungileyo nengalunganga, into ke ngoko eliyenzayo limelwe kukuguquka kuloo nto liyaziyo ukuba liyenzile ingalunganga. Injalo loo nto. Ngoko, abanye babo bayazifefa, baze bacinge ukuba aziyi eZulwini.

¹² Kukho imfundiso ethi ukuba usana luzelwe ngabazali abakuMoya oyiNgcwele, kulungile, olo sana luyakuya eZulwini; kodwa ukuba akunjalo, akusekho nto kulo, olo sana alusekho nje. Loo nto yimposiso ngokungqongqo. Kwenza mahluko wuphi ukuba abazali bakuMoya oyiNgcwele na? Iyonke loo nto ngumnqweno wokwazana kwendoda nomfazi, kwaye usana luzalwa ngendlela efanayo. Ngoko, konke “kuzalelwe esonweni kwabunjelwa kubugwenxa, lweza ehlabathini luthetha ubuxoki.” Leyo, leyo yimithetho engokweSibhalo yaloo nto.

¹³ Ngoko, ke ngoko iGazi likaYesu Kristu lihlambulula lenze intlawulelo yaloo mntwana. Ukuba ufile, angaya ngokugqibeleleyo eBusweni bukaThixo, nokuba ebezelwe ngabazali abangabona boni ehlabathini, ade afikelele kubudala bokuziphendulela apho akwaziyo okulungileyo nokungalunganga. Ukuze ke oko akwenzayo, ukusukela ngoko, kuyakuxolelwa ngenxa yoko. Umelwe kukucela inguquko eyeyakhe ukusukela ngoko ukubheka phambili. Kodwa ngeli thuba aselusana . . .

¹⁴ Ngoku, indlela esizama ukuyilandela, apha emnqubeni. Kuphela kwendawo endiya kuyo ehlabathini, ndishumayele iMfundiso, kulapha kulo mnquba, ngokuba ulibandla lethu. Kwaye sishumayela iMfundiso apha ukuze sigcine abantu besemgceci. Amanye amadoda, kwawawo amabandla, ashumayela nantoni na ayikholelwayo. Kwaye angabazalwana bam, sisenokwahlukana kancinane, kodwa sisengabazalwana ngendlela efanayo. Ke, kodwa apha kulo mnquba, sishumayela oko sicinga ukuba kuyiMfundiso yeSibhalo. Kwaye, apho, sibona ukunikezelwa kusikelelwa abantwana, lento siyibiza ngokuba kukusikelelwa, linye ixesha eBhayibhileni esinokulifumanisa, okanye kwiTestamente eNtsha apho abantwana abancinane bakhe benziwa nantoni na, okanye apho uKristu wakhe wanento yokwenza kuloo nto enkonzweni, kuxa, Wabathabathela ezingalweni zaKhe wabeka izandla zaKhe phezu kwabo wabasikelela, wathi, “Bavumeleni abantwana abancinane beze kuM. Ningabaleli, ngokuba uBukumkani bukaThixo bubobanjalo.”

¹⁵ Ngoku, kushiyeke thina, njengokuba siqonda, ukuze siqhubele phambili umsebenzi Aweza ku—kuwuphumeza. Ukufa kwaKhe eKalvari, Wayenathi waze Wahamba esuka . . . ephuma kuThixo, wangena ehlabathini, wabuyela kwakuThixo, okanye esuka ehlabathini waya kungena kuThixo, waze wabuya kwakhona ekwimo kaMoya oyiNgcwele, kwaye unathi, ungaphakathi kuthi, kude kube sekupheleni kwehlabathi, eqhubela phambili eBandleni laKhe kwaloo misebenzi Wayenzayo xa Wayelapha emhlabeni. Kwaye, ngaloo nto, sithabatha abantwana bethu ngamnye ngamnye, sibase kubalungiseleli, baze bathandaze phezu kwabo, babeke izandla zabo phezu kwabo babanikezele kuThixo. Itheko nje elincinane lokuthi sinombulelo ngoko iNkosi isenzele kona ngabantwana abancinane.

¹⁶ Ngoku, ukuba umntwana wakho omncinane ufejiwe, okanye nokuba yeyiphi na indlela ebandleni lakho, cinga. Asithethi nento enye ngokuchasene noko. Ilungile. Kodwa, ngokweSibhalo, sifumana indawo enye kuphela, leyo ke kuxa uYesu wabasikelelayo, ngokwaKhe. Endiyakuyifunda, iNkosi ithandile, e—eLizwini apha. Siyifumana, kuLuka oNgcwele . . . Ndiyakholwa si—sisahluko se-10, ukuqala kwisahlukwana se-13.

Baye bezisa abantwana kuye, ukuze abachukumise: basuka abafundi babakhalimela abo babezisayo.

Ke kaloko ekubonile oku uYesu, wacaphuka, wathi kubo, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli: ngokuba uBukumkani bukaThixo bubobabo banjalo.

Inene ndithi kuni, Othe akabamnkela uBukumkani bukaThixo njengomntwana, akayi kukha angene kubo.

Waza wabawola, wazibeka izandla phezu kwabo, wamana ebasikelela.

17 Ingaba iyathandeka loo nto? Wathi, “Ngoku, bavumeleni abantwana abancinci beze kuM. Musani ukubalela, kuba bubobanjalo, abanjalo ukuba njengabantwana abancinane, uBukumkani bukaThixo.” Waze Wabathabathela ezingalweni zaKhe wasasikelela.

18 Ngoku, indlela ebesinokuthanda ngayo, ngale ntsasa, ukuba besinokuba sihleli noYesu buqu, apha eqongeni, sithi, “Nkosi, Awungethandi ukusikelela umntwana wam?” Owu, into e...kumehlo ethu obuntu nakwiintliziyo zethu siqwenela ukubona loo nto. Kwaye Yena ulapha, nakanjani na, kuba Wasinika uMyalelo wokuyenza loo nto. Kwaye, njengokuba senzile, yena usamnkela abo Wabathumayo, samnkele lowo Umthumileyo, uyabona. Ngoko, Ulapha ngale ntsasa. Kwaye ukuba uDade Gertie angenyuka eze kwipiyano adlale iculo lethu lakudala esasidla ngokulicula ixesha elide, eli, “Bangenise, zisa abancinane kuYesu.” Ndiyakholwa ukuba likho encwadini kwindawo ethile. Andiqinisekanga. “Zisa abancinane kuYesu.” Kwaye ukuba unosana oluncinane, usana oluncinane olungekanikezelwa, ube ufuna ukulinikezela ngale ntsasa, kuba, siyakuvuyela ukuyenza loo nto.

19 Ke ngaba bakho abalungiseleli abalapha kwesi sakhiwo, abashumayeli abanokuthi nje benyuke beme kunye nathi apha ngeli thuba sinikezela aba bantwana eNkosini? Siyakuvuya ukuba kunye nani, njengokuba nisiza. Kulungile, ingaba likho apho encwadini? Ulifumene, Mzalwana Neville? Alikho kuyo. Kulungile, bangaphi abalaziyo, uPhi bangenise? Masicule ngoku. Wonke umntu kunye, ngeli thuba oomama bezisa iintsana zabo. Kulungile. Kulungile.

...ngenise, bangenise,
Bangenise bephuma kumasimi esono;
Bangenise, bangenise,
Zisa abazulayo kuYesu.

Bangenise, bangenise,
Bangenise bephuma kumasimi esono;
Bangenise, bangenise,
Zisa abancinane kuYesu.

20 Masithobe iintloko zethu umzuzwana. Bawo wethu oseZulwini kumi apha ngakule-altar ngale ntsasa, oomama

nootata bebambe inzala yabo encinane ezingalweni zabo, othe Wena ngobabalo wayinikela kubo. Banombulelo kakhulu ngenxa yayo, Nkosi, kwaye baya benyusa bebazisa apha esibingelelweni ngale ntsasa, endlwini kaThixo, ukuza kubanikezela, banikele ubomi babo kuWe. Nguwe onikileyo. Siyathandaza ke, Thixo, ukuba Ukhulise usikelele ngamnye kubo. Bakhokele, yaye zanga iiNgelosi zikaThixo ezingoonogada zingalusa ngamnye kubo. Ubanike ubomi obude bolonwabo novuyo. Bangangakhula babe ngamadoda nabafazi bakwaThixo, bangomso, ukuba likho ingomso.

²¹ Thixo, siyaKuthandaza ukuba uvelise abashumayeli nabaprofeti nabafundisi ngokuphuma kweli qela leentsana lingqonge isibingelelo ngale ntsasa. Size sithi sakuba badala singenakuba sahambela phambili, kubekho umntu othile oyakusithabatha asisuse kwenye indawo asise kwenye indawo, sanga singanako ukuma sive iVangeli ishunyayelwa ngaba balapha namhlanje. Siphe oko, Nkosi. Ukuze ngenye imini yozuko xa sekuphele konke, ubomi bethu buphelile, aba bazali bangqonge i-altar, sanga singafana noYakobi wakudala ekusikeleleni kwakhe bonke abantwana bakhe wabaxelela ukuba siyakuba yintoni na isiphelo ngomhla wokugqibela. Size sithi sakukhangela phezulu, sithi, “Uyazi, ndizakuhlanganiselwa kubantu bakowethu.” Ke ngenye imini yozuko, yena nenzala iphela, bayakuhlanganiswa kwilizwe elingcono. Akumangalisi ukuba wathi uBhileham, “Masithi isiphelo sam sokugqibela sibe njengesakhe.” Thixo, ndiyathandaza ukuba Uphise ngezi ntsikelelo phezu kwabazali.

²² Ke ngoku njengokuba sisiya kubeka izandla phezu kwabo, yinto—yinto emangalisa kakhulu... Nendlela Owayenza yathobeka ngayo, Nkosi, ukuba thina madoda walo mhlaba sibe nelungelo lokusikelela abantwana abancinane eGameni laKho, sisazi oku, ukuba, oko sikucelayo, siyakuphiwa. Njengokuba sisiya kubasikelela, wanga uYesu, uMntu ongabonwayo konke, Lowo unamandla onke angema kufutshane asikelele mntwana ngamnye sisabeka izandla zethu phezu kwabo sibanikezela kuYe. Kuba oko sikucela eGameni laKhe. Amen.

²³ UMzalwana uGlenn Funk, unabantwana abancinane bakhe abathathu abazakunikezelwa eNkosini.

[Yindawo engenanto le ekhasethini. UMzalwana Branham usikelela iintsana—Mhl.]

...e—encinane indawo yabucala, phaya ngaphesheya kumhlaba wangentla, Wandithembisa ngalo mntwana. Bawo, zanga iintsikelelo zaKho zingaphumla phezu kwakhe.

Joseph, nyana wam, ndikunikela kuThixo. Kwaye banga ubomi bakho bungayintsikelelo. Wanga ungangumprofeti,

Joseph. Lwanga ubabalo lukaThixo lungahlala nawe. Wanga uThixo kayihlo, iNkosi uYesu Kristu, angakusikelela oko, enze ubomi bakho kube yintsikelelo kwabanye.

EGameni likaYesu Kristu, ndiyamsikelela. Amen.

[Yindawo engenanto le ekhasethini. UMzalwana Branham usikelela iintsana—Mhl.]

²⁴ Niyabathanda abantwana abancinane? Kukho into ethile malunga naba bafo bancinane athi wonke umama afune ukuba umntwana wakhe asikelelwe.

Ngoku, yiloo ndlela uBawo wethu waseZulwini ayiyo kuthi bantu badala kusanje. Ufuna ukuba mntu ngamnye kuthi asikelelwe. Usisondeza phambi kwento ethile, aze ayinikele nje kuthi, ngokunga uthi, “Yiyo leyo, Ndifuna ukuba usikelelwe, mntwana wam.” Akamangalisi ke Yena? Ngoko sinombulelo ngoBawo waseZulwini onobubele onjalo.

²⁵ Ngoku, ekusikelelweni kweentsana ezincinane, uyazi, bendifunda apha eSibhalweni ngenye imini, kwenye indawo ngapha, kwakukwiTestamente eNdala, apho i—into enkulu e—endakuvuyela ngokuqinisekileyo ukuyifunda. Yiyo le, kanye apha. “Waze uNataniyeli wathi kuDavide, ‘Yenza konke okusentliziyweni yakho, kuba uThixo unawe.’” ’Yabona? Yenza oko kusentliziyweni yakho. Kwaye ngamaxesha amaninzi ndi—ndifumene loo nto, sihlobo esinguMkristu, ukuba ndithethe izinto ndingazi ukuba ndiyakuthetha loo nto, ndize ndifumanise ukuba iyenzeka. Oko ukuthethayo!

²⁶ Kwakhe kwathiwa ngaxesha lithile, uYesu wehla ephuma entabeni waze Wabona umthi owawungenanto kuwo, ingamagqabi nje kuphela, yaye kwakungekho siqhamo, waze Wathi, “Makungabikho mntu uyakudla kuwe ukusukela ngoku.”

²⁷ Kwaze kwathi ngosuku olulandelayo, bedlula, abapostile bawabona amagqabi omile. Wathi, “Khangela indlela owome ngokukhawuleza ngayo umthi.”

²⁸ UYesu wathi, “Yibani nokukholwa kuThixo; kuba nantoni na eniyinqwenelayo, xa sukuba nithandaza, kholwani ukuba niyayamnkela yaye niyakuba nayo. Kwaye naziphi na izinto enizithethileyo, niyakuba nazo ezo nizithethileyo.” Yicinge loo nto. Owu! Kwaye mhlawumbi namhlanje, uMoya oyiNgcwele omkhulu kaThixo, umi apha esibingelelweni, uthi...Ke, asimelwe kukuba sihonjiswe. Anifanelanga ukuba nibe yindawo ethile eyenziwe ngocoselelo olukhulu.

²⁹ UYakobi watsala ilitye ngaxesha lithile waqamelelisa intloko yakhe kulo, kwaye loo ndawo isaziwa namhlanje njengeLitye leQebengwana. Okanye, iLitye leQebengwana, athi amadoda amakhulu omhlaba abe asalithwala elo litye ajikeleze nalo, ukuze ookumkani bamiselwe phezu kweli litye, ilitye nje eliqhelekileyo lakudala lithe natya edlelweni.

IBhetheli yayiyinqumba nje yamatye alele apho elinye phezu kwelinye, yaze yayindlu kaThixo, indawo yokuhlala. UYakobi wathi, “Lento asinto yimbi yindlu kaThixo.” Inqumba nje yamatye ahleli elinye phezu kwelinye.

³⁰ Akwenziwa zizinto ezinkulu zocoselelo. Bubulula nje kunye nokholo ukuze ukholwe, nantso into ebanga oko. Nantso into eyenza kwenzeke.

³¹ Ngoku, sisazi ukuba ixesha liyakumnka kwamsinya, sizakuzama ukuba singani bambi thuba lide kakhulu, sisazi ukuba kushushu ibe inkonzo ixinene. Ngoko ndiza kuthetha nani nje imizuzu embalwa ngale ntsasa, ngengongoma encinane apha enokuthi... Ndiyathemba ukuba iyakuba luncedo kuni. Ke ngoku mna, phambi kokuba ndimnke ekhaya, ndibhale izinto zantathu okanye zane. Ndithe, “Ndiyakulinda ndibone ukuba iNkosi iyakuthanda ukuba ndithethe ngayiphi na ndakufika phaya ezantsi.” Ndabhala malunga nesithandathu sezinto ezincinane apha, iingongoma ezincinci, ndaze ndabhala yanye, ndayifaka engxoweni yam ngolu hlobo. Ndacinga, “Ke, ndakufika eqongeni lokushumayela mhlawumbi Iyakundixelela into emandithethe ngayo.” Ngoku ndisekude njengokuba bendinjalo phaya phezulu. Ngoko, nakanjani na, ndizakufunda iSibhalo esi, iNkosi mayisincede siSiqonde. Isahluko se-14 sikaLuka oNgcwele, masiqale ke malunga nowamatha... ivesi yama-31 yesahluko se-14 sikaLuka oNgcwele.

Kananjalo nguwuphi na ukumkani, othi esiya kuhlanguka nomnye ukumkani emfazweni, angakhe ahlale phantsi kuqala, acinge ukuba unako na enashumi nye lamawaka ukuhlangabeza omzelayo enamashumi amabini amawaka?

Ukuba ke akanako, uti mhlawumbi... esekude, athumele isigidimi, acele iindawo zoxolo.

Ngokukwanjalo ngoko, wonke umntu kuni...

³² Ndifuna ukuba uqaphelise. Ngoku, okokuqala Uthe... Lo ngumzekeliso. Wathi, “Ngoku, kukho ukumkani ozayo, yena ke unamashumi amabini amawaka amajoni; abe lo kumkani ezakuhlanguka naye, yena ke eneshumi elinye lamawaka lamajoni. Ke ngoko, owokuqala, uhlala phantsi abuze ukuba sele ekulungele na, ukuba angakwazi na ukuyenza loo nto okanye hayi.” Kulungile.

... Ongazishiyayo zonke iimpahla zakhe, akanakuba ngumfundi wam. (‘Yabona?)

³³ Ngoku yanga iNkosi ingongeza intsikelelo yaYo kweli Lizwi. Ngoku masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

³⁴ Bawo wethu waseZulwini, Wena unguLowo wazi zonke izinto, ube ungakhehi buntu bamntu, kuba uyintoni na

umntu lento Umkhathaleleyo? Wamenza umntu, kwaye ufana nje nentyatyambo yasedlelweni: namhlanje intle, ngomso isikiwe yawiswa, yaphoselwa eziko, aze anyibilike aphele. NdiyaKuthandaza, Thixo, ukuba ube nenceba kuthi namhlanje usenze sonke ngabanye sithabathe ukuyila namhlanje. Silapha njengakwindlu yezilungiso. Silapha ukuze sifunde sazi ukuba siphile njani na, makuphume ke kwiLizwi laKho namhlanje, Owu Thixo onguNaphakade. Abaninzi babantwana baKho bahlanganisen epha, abaninzi kubo ke babengabantwana baKho iminyaka emininzi, kodwa, kunjalo, sisonke sibuyela endlwini kaThixo, ukuza kufunda, sazi. Mna ke, sicaka saKho ndinqwenela ukwazi ngakumbi ngaWe. Yaye ndiyathandaza ukuba Uzise impefumlelo yeVangeli phezu kwethu, phezu kwesicaka saKho, nokuba uBukho baKho, nokuphefumlelwa kwethu kuso sonke esi sakhiwo, kube kukhulu kakhulu namhlanje, ukuze simnke, ezintliziyweni zethu, sinqwenela ukuba sibe ngabakhonzi baKho ngokungcono, ukuze kube yinzuzo kuthi ukuba lapha. Owu Thixo onenceba, siphe ezi ntsikelelo eGameni likaYesu, uNyana waKho. Amen.

³⁵ Ngoku yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo eLizwini njengoko silifunda. Ndifuna ukuthabatha umongo-ntetho ngale ntsasa, wokuba, “Imimoya elukuhlayo okanye iLizwi likaThixo?” Ngoku, ingongoma gxebe engaqhelekanga, kodwa njengokuba kulapha emnqubeni...Kube ngokuhlwa koLwesithathu ophelileyo...Kusasa ngeCawe ephelileyo bendithetha nge—ngentlokoma encinane yeVangeli.

³⁶ Ke ngokuhlwa koLwesithathu ophelileyo ndandishumayela ngomfazi owayene—necwecwe phezu kwentloko yakhe okanye i...Walahlekwa yenye ingqekembe yemali, wabe ke etshayela indlu ezama ukuyifumana phambi kokuba umyeni wakhe afike. Saze safumanisa ukuba loo mfazi yayiluhlobo lomfazi wasempuma, yena ke...emele iBandla. Yaye ibhanti lomtshato lalikade linganxitywa emnweni. Lalinxitywa linqamleze intloko, lineengqekembe ezilithoba zesilivere kulo. Aze athi umfazi wakuba lihenyukazi, babethabatha ingqekembe ibenye yesilivere babonise ukuba ube lihenyukazi. Ngoko ke lo mfazi wayelahlekelwe yenye yezo ngqekembe, engelo henyukazi. Kodwa umyeni wakhe wayengekho, wayezama ke ukufumana loo ngqekembe, ukuze ayibuyisele kwa kwicwecwe lakhe, kuba ekufikeni komyeni wayeya kwazi ukuba eebanjwe kubuhenyukazi, loo nto ke ibiyakuthetha ukuqhekeka kwekhaya nokunjalo. Ndaze loo nto ndayibhekiselela ngemizuzwana embalwa kwibandla, lilahlekelwe zizinto ezininzi ezibalulekileyo. Yaye lixesha lokuba afike uBawo, ngoko simelwe kukuzizingela. Ngoku, ndisazi ukuba ebandleni, nakumnquba wethu...

³⁷ Yaye ndi—ndifuna ukuthetha ngeMimoya Elukuhlayo, ntoleyo iyakunikwa isihloko esithi *Ukufunda Iinzululwazi*

NgeDemoni. Niva into eninzi malunga needemoni, ngale mihla, kodwa uve kancinane ngokuba zingagxothwa njani na. Sisonke si—siyazi ukuba zikho iidemoni, kodwa, into elandelayo yeyokuba, kungahlukwana njani na naloo nto. Ke kukho i... ekuthe, ngobabalo lukaThixo, ndanethuba elininzi lokusunduza ezi zinto zibizwa ngokuba ziidemoni, ndize ndihlangane nazo eqongeni nasekuhambeni kwemihla ngemihla, kwaye, kuba, ndingathanda ukukhangela eSibhalweni ngale ntsasa ndifumanise ukuba ziyintoni na kanye ezo zinto.

³⁸ Ngoku, siye sabhekiselela loo nto kwinkonzo yempiliso, sibhekiselela njalo kwicala lempiliso. Umhlaza, ithumba elihlumayo, ukudumba kweenyama emehlweni, isifo sephepha, zonke ezo zinto ayizozinto zasenyameni, zizinto ezingaphezu kwamandla endalo kwaye ziidemoni. ISibhalo siyingqina ngokucacileyo loo nto. Kodwa ezo zidemoni ezisemzimbeni, zinamathumba ahlumayo, anjengomhlaza, anobomi kuwo, yaye ke ubomi baloo nto yidemoni. Ukukhula kweenyama ezidumbayo emehlweni, ukusasazeka kwesifo sephepha, nezinye izifo, ziidemoni. Ngoko ke sikwimo yasenyameni.

³⁹ Ngoku, ngale ntsasa sizakuthetha—thetha ngeedemoni ezikwimo yokomoya emphefumlweni. Zisemphefumlweni kwanjengokuba zikho enyameni. Kwaye sinyanzelekile ukuba sivume ukuba siyazibona emizimbeni yabantu, ezinjengemihlaza ne—nezifo ezahlukeneyo ezikumzimba womntu.

⁴⁰ Kwakutshanje, nkqu nomhlaza ubabazwe njengesifo sesigaba sesine, ukuba yinto ekwesinye isigaba semo. Ngokuqinisekileyo, kukufunda iinzululwazi ngeedemoni. Sonke isifo sisifo esikwisigaba semo sesine, ukuqala kwaso.

⁴¹ Ngoku, ke ngoku umhlaza osemzimbeni okanye umhlaza osemphumfumlweni, idemoni ingangena nakwiyiphi na indawo. Ngoku, kukho ngamaxesha amaninzi nabantu abaninzi abaneengcinga ezilungileyo zokuba...nabantu abalungileyo abazamayo ngamaxesha amaninzi uku—ukuxhomekeka kwimfundo yakwalizwi encinane abanayo, okanye into ethile abathi bayifundiswa ukusukela bengabantwana, baze babe besafumanisa loo nto kubuntu babo, emazantsi emphefumlweni wabo, ukuba basenento ethile engalunganga. Nina, abaninzi abalapha ngale ntsasa, ngaphandle kwamathandabuzo nokuba niwafumana ehlanganisene phi na aMakristu, uyakufumana abantu abanayo loo mimoya kubo, ukuba bona... Ayinqweneleki. Abayifuni. Bathi, “Owu, ukuba nje bendinokuyeka ukuxoka! Ukuba nje bendinokuyeka ukuba nenkanuko! Ukuba nje bendinokuyeka *oku* okanye *okuya!*” Ngoku, ezo ziidemoni. Ke, ngoku, ziza kwimo yokukhonza, ngamaxesha amaninzi. (Ngenxa yokuba isisikolo seCawe, lixesha lokufundisa, ngoko masikhangele kulento.) Ngoku, ziza zikwimo yokukhonza, ngamaxesha amaninzi.

⁴² Ngoku, eSibhalweni, ngaxesha lithile, kwakukho indoda eyayinegama elinguYehoshafati, indoda ebalulekileyo indoda ekhonzayo. Yaze yawela yaya komnye ukumkani owayengukumkani wakwa—wakwaSirayeli. Yena ke, uYehoshafati, engukumkani wakwaJuda. Wehla ke waya ku-Ahabhi, ukumkani wakwaSirayeli, babophelela ke kunye, baze benza umdibaniso omnye nomnye, ukuba baye kulwa eRamoti yaseGiliyadi. Bayenza ke loo nto ngaphandle kokuthandaza kuqala.

⁴³ Owu, ukuba abantu bebenokuqaphela nje! Kungoko ndize apha ngale ntsasa ndacela ukuba nindikhumbule njengokuba ndisiya phesheya kolwandle nje. Kuyo yonke into, thandaza!

Kukho umntu owezayo ngenye imini kum wathi, “Mzalwana Branham, ucinga ukuba akulunganga ukwenza into ethile-thile?”

⁴⁴ Ndathi, “Kutheni ubuza nje malunga naloo nto?” ’Yabona? Ukuba kukho umbuzo engqondweni yakho, yiyeke, musa ukuyenza konke. Hlala nje naloo nto. Xa uqalisa nantoni na, kwaye ukuba kukho umbuzo malunga nokuba yinto elungileyo na okanye engalunganga, hlalela kude kuyo. Musa ukungena kuyo konke, uyakwazi ke ngoko ukuba wenza okulungileyo.

⁴⁵ Ngoku, zonke izinto zimelwe kukucetywa ngomthandazo, kuqala. “Funani kuqala uBukumkani bukaThixo nobulungisa baKhe, yaye zonke ezi zinto ziyakongezelelwa.” Ndiqiniseke kakhulu kusanje, ukuba amadoda nabafazi angangena nje kwimo yokuba emiphefumleni yawo, ukucinga kwawo, indlela abazithatha ngayo izinto, iyakuba yegqibeleleyo ebusweni bukaThixo, bangalelinye lawona mabandla anamandla akhe akho.

⁴⁶ Khangela okwemizuzwana embalwa kwezasenyameni. Ngoku, thina, sinayo, amaxesha amaninzi, sibe nayo iminyaka, sinento esiyibiza ngokuba “isibambisi-buxoki.” Ungasifaka esihlahleni kuwe, usibeke siqamleze e—entloko kubo, ungangena ke apho uzame ukwenza konke onako wenze isandi sobuxoki esifana nenyano, kwaye siyakubonisa ukuba uphosisile ngalo lonke ixesha, ngokuba umntu akazange enzelwe ukuba axoke. Ukuxoka kunobuqhinga, yinto elukhuni, yinto engcolileyo. Kungcono ukuba ndibe kunye nenxila, nangawuphi na umhla kunexoki. ’Yabona? Ixoki! Kwaye umzimba wakho awuzange wenzelwe ukuxoka. Akunamsebenzi nokuba usesonweni kangakanani na, usengunyana owileyo kaThixo. Oyena mntu ungumoni kwesi sixeko namhlanje, uThixo akazange akumisele ukuba ube ngumoni. Wayefuna ukuba ube ngunyana okanye intombi yaKhe. Wenziwe ngokokuyila kwaKhe Buqu. Kodwa sisono esikwenze wenza into enjalo. Kwaye akunamsebenzi nokuba uzama kangani na ukulinganisa nokuzama

ukwenza ubuxoki bukhangeleke buyinyaniso, banesixhobo sezenzululwazi esiqondakalalisa ukuba ayiyonyaniso leyo. Ungayithetha ngako konke ukunyaniseka ofuna ukwenza ngako, kodwa siyakusoloko sibetha ngokuthi uphosile; ngokuba kukho ingqondo yangaphantsi ezantsi emntwini, kwaye loo ngqondo yangaphantsi iyazi ukuba yiyiphi na inyaniso. Kwaye nokuba uthetha ntoni na apha ngaphandle, laa ngqondo isitheleyo iyazi ukuba loo nto bubuxoki, kuba yaye siya kuhlala sibetha ngokuphuma kwingqondo esitheleyo.

⁴⁷ Ngoko, ukuba indoda okanye umfazi inganokuthabatha iingcinga zayo, nobungqina babo nobomi babo bungqamane kangako noThixo (amen) ngokokude ijelo likaMoya oyiNgcwele libe linye ngokugqibeleleyo noThixo, kungenzeka ntoni! Ukuba indoda nomfazi bangakhe bangene emgceni, apho bayakuba nenkululeko ephuma entliziyweni yabo, benokholo olusuka kwingaphakathi!

⁴⁸ Abantu abaninzi beza esiguqweni ukuba bathandazelwe, banokholo olulolwengqondo. Bayazivuma izono zabo bajoyine inkonzo, ngokholo lwasengqondweni. Bayakholwa e-engqondweni yabo. Bakhholwa kuloo nto ngenxa yokuba beyivile. Bayikhholwa ngenxa yokuba besazi ukuba ngumthetho ongceno. Kodwa asiyiloo nto uThixo akhangela kuyo. Akakhangelali kukholo lwakho lwasengqondweni.

⁴⁹ Ukhangelala entliziyweni, apho ngaphakathi uThixo... kwaye xa luphuma entliziyweni, zonke izinto zinokwenzeka ngoko. Uvumo lwakho luhlangana nobomi bakho. Ubomi bakho bukhwaza njengokuba lunjalo uvumo lwakho.

⁵⁰ Kodwa xa uvumo lwakho luthetha enye into, buze ubomi buphile enye, ikhona enye engalunganga ndaweni ithile. Kungenxa yokuba unokholo lwasengqondweni, awunakholo lusuka entliziyweni. Ize ibonakale ngaphandle, *apha*, kukwazi uThixo; kodwa ngaphakathi *apha*, yidemoni ethandabuzayo. "Ndiyakhholwa kwimpiliso eNgcwele, kodwa asiyoyam." "Yabona?" "Ehe, kunokuba njalo, kodwa andikhholwa kuloo nto." Niyayifumana? Ngaphandle, uthi, "ewe"; ngaphakathi, isazela sakho sithi, "hayi." Laa nto inye yeenzululwazi ingayiqondakalalisa ukuba loo nto ibingeyonyaniso, iyiqondakalalise.

⁵¹ Qaphela xa aba kumkani, ngaphambi baqalise, bamelwe kukuba babe bebe... Ngaphambi kokuba uYehoshafati abe wenza amanyano lwakhe no-Ahabhi, ngewathe kuqala, "Masithandaze sibone ukuba iyintoni na intando yeNkosi."

⁵² Ndinike umshumayeli, ndinike uMkristu, ndinike umama wasekhaya onguMkristu, ndinike umlimi, okanye umsebenzi wasefektri, oyakubeka uThixo kuqala kwinto yonke,

ndiyakukubonisa indoda eyakuba nempumelelo ngaphandle kwayo yonke into umtyholi anokuyibeka phezu kwayo. Ifuna uThixo, kuqala. Kufuneka sibe nayo kuqala. . .

⁵³ Kodwa abazange bayenze loo nto. Babegutyungelwe lilifu ngenxa yokuba u-Ahabhi wayenobukumkani obukhazimlayo, kwaye wayenze izinto ezininzi kakhulu, enamaziko akhe amakhulu okunyibilikisa, igolide yakhe nesilivere yakhe, emkhulu, indoda enempumelelo, ukanti wayengongakholwayo.

⁵⁴ Kwaye nako apho likhoyo ihlabathi namhlanje. Nako apho iMelika imi khona namhlanje. Nako apho amabandla emi khona namhlanje. Sakhe ezona zingcono iinkonzo zakhe zakhiwa. Sibe nezona zifundiswa zilungisiweyo zingcono kwesakhe sanazo. Sifundise eyona mfundo ingcono yezakwalizwi, njalo njalo, saze safunda ukucula njengeNgelosi, kodwa ukanti kukho ubuthathaka kwindawo ethile. Kukho ubuthathaka obukhoyo, ngokuba balandele imfundiso yomntu nemimoya elukuhlayo, endaweni yokubuyela kwiLizwi likaThixo. Bazama ukwenza izinto zifuze okwehlabathi. Bazame ukubeka izibane ezikhanyayo phezu kwayo, njengeHollywood.

⁵⁵ Apha ngenye imini, ihlelo elidumileyo, yiFull Gospel yodidi eKansas City, okanye, uxolo, eDenver, kwingqungquthela, lakha inkonzo yesigidi seedollar. Abe amawaka abaseki bamabandla elindele amashumi amahlanu esenti aphuma kwakwelo hlelo linye, ukuze athabathe iVangeli aye kuyingenisa kubahedeni. Into esiyisweleyo namhlanje yimvuselelo ecinga ngabaseki-mabandla, ethunyelwe nguThixo, ezelwe nguMoya oyiNgcwele, eyakuba nokuzondelela kukaThixo, ukuba ityhale iye kungena emahlathini phaya ngaphesheya yenzele uThixo into, endaweni yokwakha ezinkulu, iinkonzo ezintle izame ukogqitha ummelwane.

⁵⁶ Kungecono ndikhonzele emishini, kwindawo etshayelweyo, okanye ebharini, ndibe nenkululeko yoMoya oyiNgcwele nothando lukaThixo luvutha lungene ezintliziweni, kunokuhlala kwisakhiwo esisesona sikhulu sinaso ehlabathini ndize ndixinaniselwe ziimfundiso zabantu nemigaqo. Esikusweleyo namhlanje yimvuselelo eshukumisayo, sibuyele kwiNyaniso, sibuyele kwiLizwi likaThixo kwakhona.

⁵⁷ Ngoku, ekuphumeni kwabo apho, kwaye kwakusemva kwethutyana apho uYehoshafati wathi waba bubuyela ezingqondweni wathi, “Bekunge. . .Ke, masithethe neNkosi ngale nto.”

⁵⁸ Wathi, “Kulungile,” u-Ahabhi watsho, waze wathumela ezantsi wafumana ikhulu, amakhulu amane abashumayeli abaqeqeshwe ngokukuko. Waza wabenyusa wabasa apho wathi, “Abo bonke ngabaprofetayo.”

⁵⁹ Baza bangena ekucengezeleni kwabo ke, baqalisa ke ukukhwaza. Baza bathi, “Ewe, nyuka unoxolo. INkosi inawe.”

⁶⁰ Kwaze kwathi emva kwaloo makhulu mane okunika ubungqina bokuba bamelwe kukunyuka benoxolo, ukanti uYehoshafati wayesazi... Niyayifumana? 'Yabona, emazantsi kulaa ntliziyo yalaa ndoda ililungisa kwakukho into ethile eyayixelelayo apho ukuba kwakukho into eqhumayo ndaweni ithile. Kwakukho into ephosakeleyo.

⁶¹ U-Ahabhi wathi, "Ngoku sinamakhulu amane apha, kwaye ngamxhelo mnye, ngamnye kubo uthi, 'Hamba, iNkosi inawe.'"

Kodwa uYehoshafati wathi, "Ingaba usenaye na omnye?"

⁶² Wathi, "Ke, sisaswele ntoni ngomnye ngaphezulu, emva kokuba sifumene amakhulu amane awona madoda afundiswe ngokungcono kweli lizwe? Wonke athi, 'Hamba!'" Yayiyinto eyeyengqondo leyo. Kodwa emazantsi entliziyweni kaYehoshafati wayesazi ukuba kwakukho into ethile ephosakeleyo. Ngoku, wathi, "Sinaye omnye, nguMikaya. Kodwa ndimthiyile." Wathi, uhlala ethetha into engcolileyo, okanye ecaleni ngeli thuba kungekho nto ifuna ukuba enze njalo, kwaye uzinyathelela iinkonzo nayo yonke into." Wathi, "Ndimthiyile."

Wathi, "Yiyani, nimfumane, sibone ukuba uyakuthini na yena."

⁶³ Kwathi akunyuka uMikaya, wathi... Bathi, "Ngoku, khangela, uze uthethe into enye nale abanye bayithethileyo bebonke."

⁶⁴ Wathi, wathi, "Kuphela ndiya..." Nantsi. "Ndiyakuthetha kuphela oko uThixo akuthethayo." Amen. "Akunamsebenzi nokuba abaprofeti benu bathini na, nokuba le ithini na, nokuba inkonzo yenu ithini na, nokuba bangathini na bona. Ndiyakuthetha oko akuthethayo uThixo. UThixo ubeke emilebeni yam kwaye ndiyakuthetha oko Akuthethayo." Into esiswele yona namhlanje ngabanye ooMikaya abayakuthetha oko uThixo akuthethileyo. Qaphela, ngoko bamnyusela apho, waze wathi, "Ndinikeni ungokuhlwanje." Ngoko ngobo busuku iNkosi yahlangana naye, waze wabuya ngentsasa elandelayo. Xa ookumkani ababini babehleli esangweni, wathi, "Nyukani." Wathi, "Nyukani. Kodwa," wathi, "Ndimbone uSirayeli enjengezimvu zichithakele zingenamalusi."

⁶⁵ Ngoko lo mshumayeli mnye, enxibe wonke, wenyuka wammonxoza eklonyeni, wathi, "Udlule ngayiphi na indlela uMoya kaThixo ekumnkeni kwaWo kum?"

Wathi, "Uyakufumanisa ekubuyeni kwakho." Ewe.

⁶⁶ Wathi, "Phulaphula apha!" Wathi, "Singabakhonzi bakaThixo. Singamakhulu amane, wena ke umnye."

⁶⁷ Kodwa uMikaya wathi, "Ndiyakukuxelela ukuba yiyiphi na ingxaki yakho." Amen! Wathi, "Ndibone umbono." Amen! Wathi, "Yaye bendibone uThixo ehleli etroneni yaKhe."

Ndibone umkhosi waseZulwini umi uMngqongile. Kwaye siyazi ukuba iLizwi likaThixo eliphethe iziqalekiso phezu kwale ndoda, ngendlela eyenze.”

⁶⁸ Awunakuyisikelela into ayiqalekisileyo uThixo, engenako noMtyholi ukuqalekisa oko akusikeleleyo uThixo. Yindima yomntu ngamnye, kungenamsebenzi nokuba ulihlwempu kangakanani na okanye akanangqondo kangakanani na, akafundanga kangakanani na, ungongafundanga kangakanani na. Oko akusikeleleyo uThixo kusikelelekile. Oko akuqalekisileyo uThixo kuqalekisiwe. Ukwazi ukwahlula phakathi kokulungileyo nokubi.

⁶⁹ UMikaya wayesazi ngokuphandle nangokucacileyo ukuba yayingeyaNkosi leyo yayikunye nabo bashumayeli. Ke, yayiyintoni ingxaki yabo bashumayeli? Qaphela oko bakwenzayo. Babenxibe ngokona kungcono. Babondliwe ngokona kungcono. Babehlanganisene kwimibutho yabo nakwizinto ezinjalo, nakumanyano lwabo, bade bafikelela ekubeni kungabikho nto yimbi bayaziyo ngaphandle kwemfundo yabo yezakwalizwi. Kwaye iBhayibhile itshilo ukuthi uMikaya, xa wayekhangele kuloo mbono, wathi, “UThixo uthe, ‘Ngubani esinokumthumela aye phaya alukuhle u-Ahabhi?’ Waze umoya oxokayo wathi, ‘Ndiyakuhla ndimlukuhle u-Ahabhi ngabo bashumayeli, ndimenze u-Ahabhi ehle aye apho, ukuze kuzaliseke iLizwi likaThixo.’”

⁷⁰ Ngoku, namhlanje abantu abaninzi kakhulu bayaphula-phula! (Ngoku, sisikolo seCawe, ndiyasithanda.) Khangela, baninzi kakhulu abantu abaphulaphula imimoya elukuhlalo endaweni yokuthabatha iLizwi likaThixo. Imimoya, isehlabathini. Yaye iyaphuma ingene kwindawo ngendawo ize ingene phakathi kwamadoda, abalungiseleli. Ingena phakathi kwamalungu ebandla. Ingena phakathi kwabantu abalungileyo. Ize ibenze bafikelele ekurhezeni nje. Baze bathethe izinto, benze izinto, bafundise izinto, benze izinto, ezichaseneyo neLizwi likaThixo. Namhlanje, abalungiseleli bamandla abo bavumela abantu babo ukuba badlale amakhasi ezinkonzweni, abaninzi babo. Ngoku, asibobuKatolika bodwa, baninzi abenkonzo kaMoya abayenzayo loo nto.

⁷¹ Into abazama ukuyenza kukumisela enye into endaweni yenye. Bazama ukuthabatha icebo elithile elitsha. Bazama ukuthabatha imfundo, ukuze ithabathe indawo kaMoya oyiNgcwele. Awunakuze ube nakuyenza loo nto, akunamsebenzi nokuba loo ndoda yenu ifundiswe kangakanani na. Ndinga ukuba yinto elungileyo ukuba ibe ifundile. Kodwa ukuba ayinawo uMoya oyiNgcwele idibanise naloo nto, imfundo yayo ayisayi kuyinceda nto. Imfundo ayingekhe ithabathe indawo yenkokhelo kaMoya oyiNgcwele. Amen.

⁷² Qaphela, bona, endaweni yale Nto, bazame ukuthabatha ukubamba isandla endaweni yamava akudala esasikade sinawo. Namhlanje ibandla libe lelale mihla. Bayenyusa baze babambe isandla sabo sokunene sobudlelane, kube kuphantse ibe yiloo ndlela kuphela abenza ngayo. Kodwa loo nto ayisayi kuthatha indawo yesitulo sakudala sabazili apho aboni babebizelwa khona balungise kuThixo. Kunjalo.

⁷³ Namhlanje bazama ukuthabatha indawo yesishumi sikaThixo. Bazama ukwamnkela into eyenye. Bazama ukuyenza ibe yinto eyahlukileyo. Bayakuhla baye kwimidlalo yokudlala ngemali ezinkonzweni, badlale amaqashiso ngemali. Ukudlala amaqashiso ngemali akusayi kuze kuyithabathe indawo yesishumi sikaThixo. Izidlo zangokuhlwa, ukuthengisa iingubo, iipikiniki, zokunyusa iimali zokuhlawula amatyala athile, oko akusayi kuyithabatha indawo yesishumi nomnikelo kaThixo onguNaphakade. Akusayi kuyenza loo nto. Kodwa nakuba kunjalo sizama ukwenza oko.

⁷⁴ Yintoni na? Yimimoya elukuhlayo isihla, izama ukumi-... ukumisela enye into endaweni yeLizwi likaThixo. UThixo akananto ilimelayo iLizwi laKhe. LinguNaphakade ngokungenasiphelo. UThixo akananto imiswa endaweni yokholo. Ukholo alunanto inokulimela. Ithemba alinakuze lithabathe indawo yokholo. Ukholo lulodwa. Lumi lodwa. Alunakuze luthabathe indawo ye... Ithemba alingekhe liyithabathe indawo yalo. Ithemba yinto ephathekayo ngezinto ezithenjweyo, ubungqina bezinto ezingabonwayo, okanye ukholo lunjalo, gxebe. 'Yabona? Ithemba yenye into; ukholo yenye. Ithemba lithembile malunga naloo nto; ukholo selunayo. Olunye olu lukholo lwengqondo; luze olunye lube sisityhilelo esithe ngqo esivela kuThixo. Alunakuze luyithabathe indawo yalo. Siyazama, kodwa senza zonke ezi zinto zimele ezinye.

⁷⁵ Sizama ukwakha iinkonzo ezinkulu endaweni yokuthumela abaseki mabandla. Yenye into emele enye leyo. UYesu akazange amisele ukuba akhe nkonzo. Ayizange imiselwe loo nto eBhayibhileni. Sithe semisa amaziko emfundo, bayenza loo nto yathabatha indawo yokusekwa kwamabandla. Thina... UYesu akazange asixelele ukuba sakhe maziko amfundo. Ewonke ke alungile. Imfundo, sizame yona ukuba ithabathe indawo. Ayinakuze iyenze loo nto. Umyalelo kaYesu yayingowokuba "hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iVangeli kuso sonke isidalwa," ukulungiselela ixesha lesiphelo. Ngoko ke zonke ezi zinto zibambeleyo sinazo azinakuze zithabathe indawo yento eyinene.

⁷⁶ Ngenye imini ndakhe ndanamava, yinto ebambeleyo leyo. Ndandiqala ukuqaqanjelwa lizinyo, kwafuneka ndilikhuphe.

Ngale ntsasa ndinezinyo lobuxoki elihleli kuloo ndawo. Kunzima nokuba ndithethe. Alinakuze liyithabathe indawo yelenene. Hayi, mhlekazi! Owu, bethu!

⁷⁷ Ungayithabatha indoda uyinxibise, uyenze ngomthi, itshokhwe, nokuba yintoni na ofuna ukwenza ngayo, uyilungise kangangoko. Ayinazimvo kuyo, ayinasazela. Ayinakuze ithabathe indawo yayo nayiphi na indoda yenene. Kungenakuze nokuguquka kobuxoki okunyukayo kuthi, “Ndijoyine icawe. Ndizakuzama ukwenza ngokungcono.” Akunakuze kuthabathe indawo yenguquko yenene yakudala, ethunyelwe nguThixo, kaMoya oyiNgcwele okwenza indoda ibe yeyahlukileyo entliziyweni yayo. Akunakuyenza loo nto, ngokuba akukho Bomi kuko. Akukho nto inokuyinika uBomi.

⁷⁸ Apha kungekudala kwithuba elidlulileyo ndabona umzobi obalulekileyo owathi wezisa, umfanekiso oqingqiweyo, ngekuba ndithetha wona, owenza lo mfanekiso kaMoses. Andilikhumbuli igama lakhe ngoku. Ungumzobi womGrike. Loo nto yamthabatha ubomi bakhe bonke. Waze wathi akubugqiba apho ke wayecinga ukuba ugqibelele kangako, wavuya kakhulu ngenxa yalo mfanekiso uqingqiweyo kaMoses wade wawubetha edolweni, wathi, “Thetha, Moses!” Wakhangela uyinene kangako! Wawufuziselwe ugqibelele kangangokuba wakhangeleka njengoMoses kangako, ngokwengcinga yakhe, wade wawubetha ngehamile ukuzama ukuwenza uvelwe.

⁷⁹ Oko kufaka kwingqondo yebandla. Nokuba umisela enye into ngenye kangakanani na, lingakanani na ukuba likhulu ibandla onalo, niwacula kamnandi kangakanani na amaculo enu, linxiba ngokukuko kangakanani na ibandla lenu, kukangakanani na *oku* onako, *okuya*, kungenjalo *okunye*, ungabetha, ucofe, nokuba yeyiphi na. Loo nto ayinakuthabatha indawo yoBomi, ade uKristu ehle ekwimi kaMoya oyiNgcwele, angene kwelo bandla, alinike amava amatsha okuzalwa ngokutsha. Loo nto ayinakuyithabatha indawo yeLizwi likaThixo. ILizwi likaThixo limi lodwa.

⁸⁰ UMikaya wayeneLizwi. Wayesazi ukuba wayeneLizwi. WayeneLizwi elibhaliweyo, waze wanaLo ngombono kananjalo. Wayesazi ukuba uThixo utheni na eLizwini laKhe. Wayesazi ukuba uThixo wathini na ngombono. Zombini ezo zinto zahlangana. Wazi ke ukuba yayiyiNyaniso, ngoko ke wayengoyiki.

⁸¹ Kodwa lo moya ulukuhlayo, khangela ukuba wenze ntoni na namhlanje. Ukwenza amalungu angaphezulu ebandla, ukwenza amalungu enkonzo angcono, kukuyekelela kuyo yonke imfundiso yakudala kaMoya oyiNgcwele. Uvumeleamadoda ukuba abe neepati zolonwabo enye nanye, baphume baye kungena kumagumbu angaphantsi apho bayakudlala khona imidlalo. Loo nto ayinakumiselwa endaweni yegumbi eliphezulu, apho

babethandazela khona uMoya oyiNgcwele. Uvumele abafazi ukuba bahlangane benze iziqhulo nezinto ezinjalo, babe nombolo omninzi ongenamsebenzi. Loo nto ayinakuze ithabathe indawo yenkonzo yomthandazo. Abafazi, indlela abaphuma ngayo phandle banxibe namhlanje, ili—ilihlazo.

⁸² Ndikhe ndeva intetho ebisenziwa nguMzalwana Neville, esithi, “Abantu baseMelika abalusizi,” wathi, “bazithumele phesheya kolwandle zonke iimpahla zabo.” Injalo loo nto. Bahamba bejikeleza ngempahla zabo zangaphantsi. Bona... Injalo loo nto. Kunokuba banikezele ngazo kubaseki mabandla, ngokuba abaseki mabandla... Abantu kwakunye nabahedeni kwelinye ilizwe bayazinxiba. Aba bantu bahamba ngaphandle kwazo, kukhangeleke ngathi bayayithanda loo nto.

⁸³ Ndiyakuxelela, kukho into ethile egqwethiweyo apho, yaye loo nto kukushunyayelwa kweVangeli yeNkosi uYesu Kristu. Ziidemoni ezi zinihluba impahla yenu. Akuzange kubekho mntu wumbi eBhayibhileni owakhe wakrazula impahla yakhe wazihluba, ngaphandle kwalaa ndoda yayingenwe ziidemoni kwaye iza ikwimo ebuphola namhlanje, ngokungathi yinto yasekuhlaleni, ngokungathi ilungile, ngokungathi yinto eyamnkelekileyo. “Ukuba yimozulu ebuphola, kwaye kuyakukwenza ukuba ube buphola xa uthe wakhulula impahla yakho.” Amadoda enyuka esihla eziyadini, abe ekwisiqingatha sokuba ze, nabafazi ngokunjalo. Kuba, niye ekubeni kungabi sabakho mbeko engaphezu kokuba injalo kwizinja, omnye ukhlonipha omnye. Yintoni ingxaki? Andizami kunikhathaza. Ndizama nje ukunikelela ukuba oko kukungenwa ziidemoni, yaye nizama ukuphulaphula imimoya elukuhlayo enixelela ukuba, “loo nto ilungile,” kodwa bubuxoki obo.

⁸⁴ Ukhozo lwengqolowa luyakuvelisa ingqolowa kuphela. Ukuba unguMkristu, awusayi kuyenza loo nto. Awunakuyenza. Awunakuyenza nje konke. Unokholo olulolwe ngqondo uze uthi, “Mzalwana Branham, ndiyakholwa kwiBhayibhile.” Ubomi bakho buchaza ukuba awukholwa. Amen. Imimoya elukuhlayo ichasa iLizwi likaThixo.

⁸⁵ Wayesazi ukuba wayemi phi na, uMikaya wayesazi. WayeneLizwi likaThixo. Wayeyindoda engadumanga kakhulu. Akukho mntu wayemthanda ngokuba wayexela iNyaniso, nakubeni babethanda abanye abashumayeli aba.

⁸⁶ Ngoku, yenye into eyenzekileyo leyo. Ndiyakholwa yaye ndicinga ukuba nayiphi na indoda enamava wokuba kunye noThixo, okanye umfazi, unyanzelekile ukuba abe nobu phatshu-phantshu obuncinane. Ndiyakholwa nje yiloo nto. Injalo loo nto. Kodwa uyazi yintoni? Bathe bathabatha ukuba phatshu-phantshu endaweni yobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Benza nje ingxolo eninzi, kube ke kungekho nto. Phila ngokungcwele kanganga loo ndlela uphila ngokunengxolo

ngayo, uyakuba uyalungisa ke. Imihlali ilungile ngenene; “yingqeqesho eyeyomzimba inceda kancinane.” Kodwa imimoya elukuhlayo ingene ngaphaya kwiqela labangcwele, yaze yabenza ukuba baphumle nje “ngokuba bekwazi ukukhwaza” okanye “ngokuba bekwazi ukuxhentsa, ngokuba bekwazi ukwenza ukuvakalelwa ngokwasemzimbeni.”

⁸⁷ Laa mfo mdala phaya ezantsi, inkokeli yabo bonke abo baprofeti, abashumayeli, babeqinisekile ukuba wayenyanisile, wade wazenzela iimpondo ezimbini waxhentsa ejikeleza, waza wenza isidube-dube esikhulwana. Wayezakutyhala omnye lowa umkhosi wamaSiriya uphume kwelo lizwe. Kodwa yayibubuxoki obo! ILizwi likaThixo lalithethe into eyahlukileyo. Amen. 'Yabona, usenokuba nemihlali ngokulungileyo, ukuba unohlobo olululo lwento ekuqhubayo, uluhlobo olululo lwemihlali oluqhuba oko kuvakalelwa kwakho.

⁸⁸ UDavide waxhentsa phambi kweNkosi, yaze inkosikazi yakhe yamhleka. UThixo ke wakhangelela phantsi eseZulwini, wathi, “Davide, uyindoda engantliziyo yaM Buqu.” Kodwa wayeqhutywa yinto eyinyaniso. Ubomi bakhe babulungile, ngaphaya kwaloo nto.

⁸⁹ Ngoko, into yokuba nje sibe nemihlali, ayithethi kuba sisindisiwe. Ngenxa yokuba sinebandla, oko akuthethi ukuba sisindisiwe. Musa ukukholelwa kuloo mimoya ilukuhlayo. UMoya wenene kaThixo, iLizwi lenene likaThixo, liyiNyaniso kaThixo; eyiMbewu kaThixo, eyakuvelisa uThixo kubomi bakho; ube nobuthixo, ube yingcwele, ube ngongcwele.

⁹⁰ Phakathi kwabantu abaninzi sifumanisa ukuba xa kukho imihlali, nezinto ezinjalo, kungena ubupholo-pholo nokuhleba, nazo zonke iintlobo zezinto zokungabi naThixo. Mzalwana, loo nto yityhefu ebandleni. Ngamandla eedemoni. Umoya wamadoda nabafazi othi ungene omnye komnye, uzame ukuzibonakalalisa, uthi, “Oku akulunganga, kube oku kungalunganga nokuya akulunganga.” Ukuba unokuthi uwuncumbe, ithoba eshumini uyakufumanisa ukuba ikwanguloo mntu owenza isiphithi-phithi, ongalunganga. Amen. UThixo uyithiyile impixwano phakathi kwabazalwana. Yiba nentlonipho, yiba ngcwele, thanda uThixo, ume ngakuYe. Yaye oko nje usazi ukuba ubomi bakho bukholekile kwiBhayibhile, ngobunyulu bentliziyo, ngobunyulu bengcinga, uthando kumzalwana wakho, uzama konke onako ukwakha uBukumkani bukaThixo, uzenza ezo zinto, unxiba ngokukuko, uphile ngokulungileyo, uthetha ngendlela eyiyo, usiya kwiindawo ezilungileyo, ngoko ke unganayo yonke imihlali ofuna ukuba nayo, kwaye wonke umntu uyakukholwa yiloo nto.

⁹¹ UYesu wathi, “Niyityuwa yehlabathi nina. Ukuba ityuwa ithela yalahlekwa sisongo sayo, ukusukela ngoko ayisalunganga, iyakulahlelwa phandle inyathelwe phantsi kwenyawo

ngabantu.” Ukuba niyityuwa nje, kodwa, ayilunganga loo nto. Kodwa ukuba ninesongo kuloo nto, yiba yityuwa lize ihlabathi lona linxanwe. Yiba nesongo setyuwa, bona ke bayakunxanwa. Owu, bethu!

⁹² Imimoya elukuhlayo iphumile, iidemoni zizifihlile. Khangela, sikumhla wokugqibela. Sikwixesha lesiphelo. Ihlabathi selimalunga nokuba lisondele kwintloko yalo, njengethumba elibuhlungu kwindawo elithile eliza kugqabhuka ngolunye lwezintsuku uze umbindi uxhume uphume kulo. Libe lelingcolileyo. Akukho mafutha okuthambisa anokuphilisa. Bayalile i—incindi yegazi. Bakwalile ukunyangwa. Ukuba kungakho ithumba elikhula apho, ukuze ke ungathabathi yeza lakunyangwa ukudumba okanye into ethile yokulikhupha, okanye eyenye, liyakuhlala linyuka njalo lide ligqabhuke.

⁹³ Nantso into eyenziwe lihlabathi. Liqalisile, kungekudala kwithuba elidlulileyo, ukuyekelela. Baphumele bucala ngenxa yombono othile obalulekileyo, imimoya yobuxoki ingene yaqalisa ukuxelela abantu *oku*, *okuya* okanye *okunye*. Sithe saqhekeka sangamakhulu alithoba anento eemvaba ezahlukeneyo, nganye kuzo inembono eyahlukileyo. Bathi, “Thina sikholelwa *oku*, kumiwe kuloo ndawo! Nantso kuphela into esiyikholelwayo.” Abanako ukuwuvulela uMoya oyiNgcwele ungene. Abavuli ndlela kuwo. UThixo waba neqela labantu elikhwazayo, waze wonke umntu kwanyanzeleka ukuba akhwaze. Baba nakwaziyo ukuthetha ngeelwimi, waze wonke umntu kwanyanzeleka ukuba athethe ngeelwimi. Baba nabanje, kwade kwaba (yintoni?) ngokupheleleyo yakukungcoliseka ngemimoya elukuhlayo, ilukuhla abantu ukuba benze ukuvakalelwa ngeli thuba kungekho Thixo konke kuloo nto. Baze ke baphume baphile naluphi na uhlobo lobomi abanqwenela ukuluphila, balubize ke ngokuba “buBukristu.”

⁹⁴ Ihlabathi ke liyahlala likhangele, lithi, “Ke, khangela phaya! Ndilunge kanye njengokuba benjalo.”

⁹⁵ Njengokuba ndanditshilo ngobunye ubusuku malunga nehagu, ngokubhekiselele kumoni. Awunako ukugxeka... Umoni ungumoni. Musa ukuzama ukumhlaziya. Musa ukuzama ukumxelela *oku*, *okuya*, okanye *okunye*. Ungumoni, indawo yokuqala. Uyihagu, indawo yokuqala. Akawazi umahluko. Ukuba uya kwiibhanya-bhanya aze aye ngeCawe aze aye kwimidlalo yebhola, enze zonke ezi zinto, ungumoni, indawo yokuqala. Imvelo yakhe ifana neyehagu. Ihagu endala ifaka impumlo phantsi kwenqumba yomgquba idle zonke iinkozo ezikuwo, nayo yonke into; ke, yona, iyihagu. Awunakuyigxeka. Iyihagu. Kuyiloo ndlela ke ngaboni. Kodwa xa uhamba uzibiza ngokuba unguMkristu, uze ufake impumlo kunye neyayo, ngoko awungcono kunokuba injalo, koko, umbi ngakumbi. Phuma phakathi kwaloo nto. Ziyeke zidlule ezehlabathi. Yeka kudlule. Mayibe nguThixo. Yeka kudlule.

⁹⁶ Uyeka kudlule njani? Abanye abantu bayamangaliswa namhlanje, bathi, “Ke, Mzalwana Branham, uyeka njani kudlule?” Ndiyazi ukuba nive into eninzi yemfundo yezakwalizwi malunga nalo nto, “ukuyeka kudlule.” Abantu baninzi basebenza nje bade babile, bezama ukuyeka kudlule. Baninzi abantu abafikayo bathi, “Bendizakuzila amashumi amane eentsuku ukuze ndikwazi ukuba nento endiyenzayo.” Awuswele nzila yamashumi mane eentsuku. Uswele ukuyeka okwehlabathi kudlule nazo zonke ezi zinto zomtyholi, uthabathe iLizwi likaThixo ulifake entliziyweni yakho. Umelwe kukuyifundiswa ukuba yenziwa njani na loo nto. Awuyenzi ngokuxhuma unyuke usihla, ungayenzi nakwizila yamashumi amane eentsuku. Uyenza ngokunikezela intliziyo kuThixo Onamandla onke.

⁹⁷ Njengosana oluncinane. Ndiqaphele olwa sana lwam luncinane luphaya emva, unina ezama ukulinxibisa ibhatyana yalo, kusasanje. Lona belufuna ukufaka ingalwana yalo emkhonweni. Belingakwazi ukuyifaka apho; alazi ukuba ifakwa njani na. Umelwe kukuyikhokela ingalo yalo encinane. Luyafuna ukuyingenisa ingalo yalo apho, kodwa ibetha nje emacaleni kuwo. Aluwufumani umkhono. Luyazi ukuba alukho mkhonweni.

⁹⁸ Kukwangokunjalo ukwazi kwakho ukuba awulunganga kuThixo, xa usahleba, uxoka, usenza yonke into. Awunakuba ulungile kuThixo, andikhathali nokuba ziingaphi iinkonzo ongowazo, ungadanga umphefumlo wakho ube uguqukile. Mzalwana, loo nto yeyodido lwakudala, kodwa loo nto iyakubilisela ifake isuphi kumphefumlo wakho. Kunjalo!

⁹⁹ Luzama ukufaka ingalo yalo phakathi, lumelwe kukuba nomntu othile olukhokelela phakathi, ukuba ifakwa kanjani na ingalo yalo. Ukuze ke lwakuyifaka ingalo yalo kwibhatyana yalo, lwazi ukuba kulungile ke.

¹⁰⁰ Kuyiloo ndlela kuMkristu ngamnye ozelwe ngokutsha. Akuthi ngenene afike kuThixo, ubukhangela ngeLizwi likaThixo ubomi bakhe aze aqonde ukuba unqamene nendawana yaLo lonke. Unokuzeka kade umsindo, ubunono, ukuzola, ukuthobeka, amandla, ukholo, uthando, uvuyo, uxolo. Akalatyuziswa njengamaza olwandle olulwayo. Akahlutshwa yiyo yonke into encinci le. Akaxhumi asuke *apha naphaya*, ngokwesivingco sebhotele kunxweme olunomoya. Uzinzile. Intliziyo yakhe inyulu. Iingcinga zakhe zinyulu. Iinjongo zakhe zinyulu. Indlela yakhe eyenye abona ngayo yelungileyo. Kwaye uyazi ukuba unqamane neLizwi likaThixo. Isihogo ke asinakumshukumisa. Ufakwe emgceci ngeLizwi likaThixo. Unothando oluNgcwele, ukusulungeka entliziyweni yakhe, kuyo yonke indoda nomfazi. Une... Uzilumle kwizinto zehlabathi, zifile kuye; akasazifuni. Kuba,

awunakuyenza intombazana kaMoya oyiNgcwele ukuba inxibe ezi mpahla zikhangeleka ngokungenathixo iphume phandle nakanjani na. Hayi, mhlekazi.

¹⁰¹ Ngoku, akusweleke nganto ukuba ubuye kuyixelela ukuba ihamba ngokungekuko, kuba ayisayi kukukholelwa, ngokuba yiloo nto kuphela eyaziyo. Luvuyo lwayo olo. Umfazi onxiba ezo zinto zincinane, ukuze aphume ngorhatya, kanye xa amadoda abo efika ekhaya, urhulumente, aze athi, “Cheba iyadi,” ngoko...Undixelele ukuba yinto elungileyo leyo? Umfazi, andizami kuthi ni—ningabangcolileyo. Andizami kuthi niziphethe kakubi. Kodwa awuqondi, dade, ukuba umoya ongcolileyo ukubambile. Ungayenzela ntoni loo nto? Unengqondo ngokwaneleyo ukuba ube nokwazi ukuba ayipholanga ngokuthe chatha loo nto. Ishushu ngakumbi. Kukho umoya ongahlambulukanga.

¹⁰² Uthi, “Mna? Mna, bendiye enkonzweni!” UNebhukadinetsare wayeyindoda ebalulekileyo. Kodwa, ngenxa yokuba waziphakamisayo, uThixo wamnika umoya wenkomo, wamenza ukuba adle ingca iminyaka esixhenxe, iinzipho zakhula njengokuba zisenza ezabanye baba bafazi balapha kufutshane. Injalo loo nto. Waze wangenwa ziidemoni.

¹⁰³ Indoda eya-ngenwa yidemoni yakhulula impahla zayo. Babengakwazi kumnxiba mpahla. Uyabona ukuba ndithetha ukuthini na? Yimimoya elukuhlayo.

¹⁰⁴ Ibandla lakho liyayinyamezela loo nto. Umshumayeli uyoyika ukuba nento ayithethayo, uyoyika kuba aniyi kuzihlawula izishumi zenu kwakhona. Naso isizathu. Nantso ingxaki. Bethu, nkosi! Ungashumayela njani kwiqela lezangxa, ngaphandle kokuba uliguqule kuqala lilunge kuThixo, indawo yokuqala? Liyakufaka impumlo yalo kwinto efileyo lonke ixesha. Into oyisweleyo kukukhupha ulahlele ngaphandle, ukuze imvuselelo yohlobo lwakudala itshaye isuka kunxweme ukuya kunxweme, wenze ukuba amadoda nabafazi balunge kuThixo. Ukhulule, izinto zehlabathi! Ulahle, ukushumayela kokunyathela kancinane. Amen. Shumayela iVangeli. UThixo watsho. “Ukuba uthanda ihlabathi, okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho nokubakho kuwe.”

¹⁰⁵ Abantu bangaxhuma benyuke besihla, bakhwaze ubusuku bonke, bade bathethe ngeelwimi ngokungathi kukugalelwa kweembotyi kwisikhumba senkomo esomileyo; baphume kanye apho, ngentsasa elandelayo, benomsindo owanele ukulwa kuqhume uthuli, aphume kanye aye kuxela into ebandleni eyakubanga ibandla lonke ukuba liqhekeke. Akukho nto iyenye ehlabathini koko kukulukuhla, imimoya yeedemoni! Kufuneka ubuye eLizwini, apho uThixo akukusulungeka, ubungcwele. Amen! Injalo loo nto. Imimoya elukuhlayo ichasa iLizwi likaThixo!

¹⁰⁶ Nantsi indoda, kungekudala kwithuba elidlulileyo, eye yafumana umfazi omncinci...amaKatolika aneshumi elinesibini phaya ngaphesheya. Ekuthe ngexesha layo lokuya exesheni, laphuma kwizandla zakhe nasebunzi kuye. Ukuba umshumayeli onguye kaMoya oyiNgcwele...Bendinga njalo. Laa ndoda ibiphethe ibhotile yaloo nto, iphuma kwizandla zaloo mfazi, ijikeleza ithambisa abantu ngaloo nto. Whowu! Yiba nenceba! Ngumchasi-kristu! Andikhathali nokuba igazi liphuma empumlweni kuloo mfazi okanye entloko kuye, okanye nokuba kuphi na, mzalwana, akukho gazi liyakuze lithabathe indawo kaYesu Kristu uNyana kaThixo. Lelo Gazi kuphela endinento endiyaziyo ngalo. Usenokuba loo mfazi ebene-oli igaleleka iphuma kwesinye isandla, ize ibe yiwayini kwesinye, kodwa, ukuba uyakusebenzisa loo nto nakuluphi na uhlobo lonqulo, nguMtyholi lowo. Ukubona nje indlela abashumayeli abayiwela ngayo into enjengaleyo!

¹⁰⁷ Into esiswele yona, kukubuyela kwiNcwadi esiSikhokelo, sibuyele kwiLizwi likaThixo! Nali iLizwi likaThixo, le Bhayibhile ingcwele yakudala. Uthi, “Ke, ndiyoyika ukuba kuloo nto, Mzalwana Branham. Ndoyika ukuba ndiyakulahlekelwa lolunye lovuyo lwam.” Yintoni ingxaki? Awulazi uvuyo ukuba luyintoni na.

¹⁰⁸ Ndithe andiligwebi inxila ngokuphuma linxile. Liziva nje lingonwabanga konke. Akukho nto liyaziyo. Liyavuka, ngentsasa, libe lidakumbile, line bhabhalazi. Liphume lizifumanele iibhotile zibe mbini okanye zibe ntathu zebhiya, liphume lizifunele iwiski, nayo yonke into elolo hlobo.

Umncanci womdiza omncinane uhlala phaya atshaye, akhuphe umsi ngempumlo yakhe ngokungathi nguloliwe wempahla. Kuphelele apho. Andimgxeki; lolo vuyo kuphela alwaziyo. Yiloo nto kuphela ayaziyo. Uyihagu, ngemvelo.

¹⁰⁹ Kulusizi kuwe wena ubanga ukuba unguMkristu uze uthembele kwizinto ezinjalo malunga novuyo, ngeli thuba iVangeli kaMoya oyiNgcwele kungekho nto iyiyo koko iyinjini enkulu kuvuyo. iVangeli kaMoya oyiNgcwele ikukunxilisa okuqibeleleyo kuyo yonke indoda ehleliwe kukudakumba. Xa uthe wasela kwiVangeli kaYesu Kristu, wazaliswa nguMoya oyiNgcwele, unxila ude ulishiye eli hlabathi, amen, uvuyo olungathethekiyo oluzele bubuqaqawuli. Kukho ukuvuseleleka okuqhubekayo. Kukunxilisa okuqhubekayo, unxile imini nobusuku! Amen. LiLizwi likaThixo elo.

¹¹⁰ Ibandla liyajika, lithabathe into eyenye. Bathi bakufanele ukuba babe nepati encinci apho bayakuthi bonke baphumele elunxwemeni lolwandle, ukuya kuzonwabisa. Ipati yamakhasi kuhlangenwe, ukwenza ubudlelane. Injalo loo nto. Babe nomdaniso, ngaxesha lithile, kwenye yezindlu zamalungu, ngamanye amaxesha kwigumbi elingaphantsi enkonzweni.

Badanise, bethabatha enye into, bezama ukufumana into eyanelisayo. Yintoni ingxaki? Baligquba elikhulu leehagu, nakanjani na. Bazihagu, indawo yokuqala. Ukuba bangawelela ngapha ekuhlenganeni noKristu banganovuyo kangako, ezo zinto zingaba zezifileyo kunokuba injalo inzulu yobusuku, kubo. IVangeli, ukunxila kuMoya, uvuyo olungathethekiyo nokuzaliswa bubuqaqawuli.

¹¹¹ Musa umgweba umoni. Yiba nenceba nguye. Myeke aqhubeke atshaye inqawe yakhe, myeke asele utywala bakhe, myeke aqhube umgidi wakhe wamakhasi. Lulonwabo lwakhe olo. Musa ukumsola. Xa efika ekhaya nezinto ezinjalo, edinwe ephelile, ufuna ulonwabo. Into omelwe kukuyenza kukuphila obona bomi bobuthixo ukuze ube nokumahlulela ukuba iNdaba ezilungileyo ziphethe okungaphezulu kolo lonwabo ngokuphindwe ngeshumi lamawaka. [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mguq.] Kodwa ukuba ufele kuloo meko uyakuya eSihogweni, ekobo tywala bakhe. Kukunxilisa kukaSathana oko. Ukuba ubhubhe etsala laa nqawe, nguThixo uMgwebi wakhe. Ukuba usweleke, ehamba apha phandle, edanisa, ejikeleza enxibe impahla yokuziphatha kakubi, uThixo nguMgwebi wabo.

¹¹² Kodwa kukho into enye, ukuba ubhubhele phantsi kwentambiso yaMandla kaMoya oyiNgcwele, njengokuba uStefano wenzayo wakukhangela phezulu ebusweni bukaThixo wathi, “Ndibona aMazulu evulekile, noYesu emi ngakwingalo yasekunene,” uya ngqo eZulwini, ngokwenkonjane ingena kwindlwana yayo. Amen.

¹¹³ Imimoya elukuhlayo ichasa iLizwi likaThixo! Yekelela nje, makuqhubeke. “Uyenza njani loo nto, Mzalwana uBranham?” Yeka nje kwenzeke. Yiloo nto kuphela omelwe kukuyenza. Thabatha iLizwi likaThixo. Musa ukuzama ukuvelisa nto. Musa ukuhla uye esibingelelweni, usingombe, ukhwaze, “Nkosi, ndiphe uMoya oyiNgcwele! Nkosi, ndiphe uMoya oyiNgcwele!” Akezi kuwe, ungomba isibingelelo. Ayincedi nto loo nto. Hayi. Asiyondlela Eza ngayo leyo. KukuMthabatha, eLizwini laKhe.

¹¹⁴ Khangela uPetrosi. UPetrosi wayekwimeko embi, kukhangeleka ngokungathi uza kufa. Waze wayibona iNkosi isiza, ihamba phezu kwamanzi. Waze wathi, “Nkosi, ukuba nguWe lowo, yithi mandize.”

Yathi iNkosi, “Yiza.”

¹¹⁵ Ngoku uPetrosi wathi, “Ngoku yima umzuzwana, Nkosi, makhe ndithathe inzila yeentsuku ezimashumi mane, ukuze ndibone ukuba ndinganako na ukuhamba phezu kwala manzi, okanye hayi. Owu Nkosi, makhe ndibe noMoya owaneleyo, ukuze ndibe nokuxhentsa kuMoya ndithethe ngeelwimi, kulo mkhombe, ukuze ke nditsibe?” Hayi, Mhleka! Wamthabatha eLizwini lakhe uThixo, wayekelela nje kwenzeka. UThixo waphumelelisa.

116 Ngekwaba yintoni ukuba uThixo wayehlangene noMoses, waze Wathi, “Moses, yihla uye phayaa ungene eYiphutha, uxelele uFaro, ‘Khulula abantu baM’”? Ngekwathini ukuba uMoses wayethe, “Makhe ndithabathe inzila yamashumi amane eentsuku, kuqala, ndibone ukuba ndinokholo olwaneleyo na lokuKuthobela, Thixo. Ndiphe into, enye into Nkosi. Makhe ndiKuxelele into, makhe ndibone ukuba ndiyangena na eMoyeni, kuqala”? UMoses akazange abuze mbuzo, wathabatha nje uThixo eLizwini laKhe, wangena endleleni. Yindlela ekufuneka wenze ngayo ke leyo, thabatha uThixo eLizwini laKhe. Ngoko ke uyakwazi ukuba uyakubanako ukuyenza. Akazange alindele ukuba kude kubekho enye into ethile eyenzekayo, wahamba nje wakwenza.

117 Uthini ngo-Eliya, ekuhleni kwakhe eNtabeni yeKarmele, wayehleli ithuba elide. Waze wahlangana nehlwempu lexhegokazi elingumhlokokazi, wayengo. . . wayengowasemzini, iNtlanga. Wathi akuhlangana naye phaya ezantsi, wayechola-chola iinkuni, eyadini. UThixo wamxelela, “Yihla uye kulaa ndlu yalaa mhlokokazi.” Enjani yona indawo ukuba kuye umshumayeli kuyo!

118 Nako esihla esiya kuloo ndlu yomhlokokazi. Wathi akufika, wayenenkunana ezimbini. Wathi, “Wenza ntoni?”

119 Wathi, “Ndichola iinkuni. Ndinokutyana nje okwanele ukwenza amaqebengwana amabini. Yiloo nto kuphela endishiyeke nayo. Yiminyaka mithathu singasayimani invula.” Waze wathi, “Ngoko ndizakwenza la maqebengwana. Ukuze mna nonyana wam siwadle, sife ke.”

120 Wathi yena, “Yenzela mna libe linye, kuqala!” Haleluya! Owu, ndi—ndiyazi ukuba ndibuphambana, kodwa kwicala leNkosi, nangoko. Wathi, “Yenzela mna libe linye, kuqala! Kuba, ITSHO INKOSI!” Nantso ke.

121 Yintoni na? “Funani uBukumkani bukaThixo kuqala, nobulungisa baKhe!” Hayi uBukumkani bukaThixo kunye “nentwanana yengxolo,” hayi uBukumkani bukaThixo kunye “nentwana yoku okanye okuya.” Kodwa, “UThixo, ebulungiseni baKhe, yaye zonke ezinye izinto ezi ziyakongezelelwa kuni!” Beka kuqala!

122 Ngoku, ngoko sikuvile oko. “Ukholo luza ngokuva, ukuva ke ngeLizwi.” Wathi, “LiLizwi leNkosi elo, ngokuba yindoda engcwele yakwaThixo leya. Ngumprofethi kaThixo lowa, kananjalo ndiyazi ukuba yinyaniso leya. Kwaye iLizwi liLizwi likaThixo.”

123 Ngoku, akazange abaleke awele ayokubuzwa kubamelwane ukuba uyakuyenza kanjani na. Wayengafuni kuhamba echaza izinto za. . . axelele abamelwane, athi, “Ngoku, nicinga ntoni nina? Nankuya umshumayeli phaya endlwini yam ethetha oku. Susie, ucinga ntoni wena ngale nto.”

¹²⁴ Wangena, waqalisa, ukukhuphela phandle. Wayeka nje kwemka. Wayeka ukuba kumnke oko wayenako, ukuze abe nokufumana ngakumbi. Yiloo nto eliswele yona ihlabathi namhlanje, kukuyekelela kwakudala ukuba kumnke oko unako. Haleluya! Waba nokukhuphela phandle, ukuze abe nokuzaliswa. Wakhupha yonke i-oli awayenayo, nayo yonke i-oli awayenayo nokutya awayenako, ekusa kumshumayeli, ekusa eBukumkanini bukaThixo. Wathi akukukhuphela konke apho, uThixo wehla, wawuzalisa umphanda, walizalisa igubu le-oli. Wakukhuphela kwakhona kwisitya sikamshumayeli, waze Yena wehla walizalisa kwakhona. Wakhuphela. Lonke ixesha ekhuphela, wazalisa Yena.

¹²⁵ Ndizakuthi namhlanje, ukuba abantu bangakhupha yonke le mfitshimfitshi yokuqhubeka nokulinganisa uBukristu, bavumele uMoya oyiNgcwele athathe indawo yakhe, kuyakubakho imvuselelo eyakuqala kwa-8 kwiSitalato iPenn eyakutshayela ilizwe liphela. Yekani imfeketho, nibuyele eLizwini likaThixo. Khuphelani phandle, ukuze nibe nokuzaliswa. Yenza kumnke nje, kwaye uThixo uyakwenza kuzo. Khuphela phandle wena, uThixo uyakuzalisela phakathi. Zonke izinto zokudlala, “Hamba uyokwenza *oku* ube uhambe uyokwenza *okuya*, ufanelwe kukuba wenze *oku*, ufanelwe kukuba wenze *okuya*.” Libala ngaloo nto! Yikhuphele ngaphandle emphefumleni wakho!

¹²⁶ Yithi, “Thixo, ndenze ukuba ukususela konke . . . kule mini, ndibe ngowaKho ngokupheleleyo. Nkosi, ndiza ndinentliziyo eyaphukileyo. Ndiza ndinomoya obuhlungu. NdiyaKuthanda, kwaye uYazi ukuba ndiyaKuthanda. Kwaye ndifuna ukulibala ngabo bonke obu budenge benzila yamashumi amane eentsuku ukuze ndibone ukuba andinakusondela na kuThixo, nako kone *oku*, *okuya*, kunye *nenye*, yonke le mfeketho.”

¹²⁷ Yipheze! Akukho nto eLizwini ikuxelela ukuba ube nenzila yamashumi amane eentsuku. Akukho kwanto. Akukho kwanto emhlabeni ekuxelela ukuba uzile, ngaphandle kokuba uThixo ukuxelele. Ngoko ukuba uyazila, awusayi kulamba, ube zizo zonke ezi zinto. Njengokuba uzilile, mzalwana, uyakuba novuyo wonwabile lonke ixesha. Wathi, “Musani ukubonakala phambi kwabantu njengokuba besenza abahanahanisi, bequmbile, benobuso obunosizi. ‘Ndizile amashumi amane eentsuku, iipleyiti zam azisayi kundonela kwakhona. Ndihle ngamashumi amathathu eeponti ubunzima, kwaye bandixelela ukuba ndikhangeleka ngcono emva kokuba kudlule oku.’” Owu, yimfeketho! Yimimoya ehendayo kaSathana.

¹²⁸ Phakama esiguqweni, uze uthi, “uzuko, uzuko, uzuko” ude uphantse ungakwazi nokuthetha enye into, baze bathi, “Kufuneka uthethe ngeelwimi phambi kokuba ufumane uMoya oyiNgcwele.” Yimfeketho! Yikhuphe yikhuphe phandle!

129 Yikhuphe loo nto kwinkqubo yakho uze eLizwini likaThixo! Wathi Yena, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya oyiNgewele.” Ukuba uThixo akaligcini iLizwi laKhe AkangoThixo. Amen. Khuphela ngaphandle! Mawuzaliswe! Amen. Kwowu! Ndiyayithanda loo nto, liLizwi laKhe elo. UThixo watsho. Kunjalo. Njengokuba uThixo walithethayo, uThixo uyakuligcina. Kunjalo. Onke amalungiselelo owenzayo, konke ukuya enkonzweni onokukwenza . . .

130 Kufana nje nalapha ezantsi kumzi wokwenza iimoto apho bakha khona iqela leenqwelo zempahla, okanye iqela elikhulu leemoto zabahambi. Ndandikhe ndasebenza phaya. Bayawathabatha ke bawakhe amakhalitshi abo amanzi nako konke, babeke umthi olukhuni, bafake i-mahogany jikelele, nento yonke intle olo hlobo, bayikhuphe bayibeke phaya emgceni, ibe ife cum. Nantsiya injini, ingenamphunga kuyo, ihleli nje phaya.

131 Into eyifunayo namhlanje ngumlilo ovela kumbaseli. Into eyisweleyo namhlanje ngumphunga. Into eyisweleyo namhlanje, ibandla, ukuze libile. . . Okona kubila kwakha kwashushu kwento okunokubalisa isono siphume ebomini bakho, luthando. Kwaye ukuba aninakuthandana, niyakumthanda njani uThixo Eningambonanga? UThando lugubungela inkitha yezono. Thandanani noThixo, yaye niyakuthandana nani, kwaye niyakulithanda ibandla, niyakuyithanda iMbangi, niyakuyithanda yonke into enobuthixo, yaye niyakuzigcina kude kwizinto zehlabathi.

132 Imimoya elukuhlayo iyajikeleza ixelela abantu *oku, nokuya* okanye kunye *nokunye*, “Bafanele benze *oku*, bafanele benze *okuya*.” Kungenxa yokuba amahlelo aphaphamile, abanentwanana yesityhilelo athi, “Kulungile, ngoku, ndiyakholwa ukuba umntu. . . ndiyakholwa kwinto enjengokukhwaza, eBhayibhileni.” Kunjalo, yinyaniso leyo. Benze amahlelo ngaloo nto, “Xa ungxola, uMfumene.” Kube kungekho nto unayo.

133 Olandelayo wavela, wathi, “Kukuthetha ngeelwimi.” Kunjalo, iseBhayibhileni loo nto. “Kodwa wakuthetha ngeelwimi uyifumene.” Kodwa abaninzi kubo bathethe ngeelwimi kodwa ababa nayo. Yabona? AsiYiyo leyo. Hayi, mhlekazi.

Abaninzi kubo bathi, “Ngoko, kufanele ukuba siprofethe.”

134 Khangela kwaba baprofethi apha baneempondo ezintlokweni zabo, bexhuma-xhuma benyuka besihla beprofetha. Kodwa uMikaya wathi, “Niyaxoka nina, nonke, ngabanye.” Amen. Kunjalo. UThixo akakuthandi oko. UThixo uza kwintliziyo enyanisekileyo oko kuhamba nomoya obuhlungu, owaphukileyo. “Lowo uphuma ehamba ehlwayela

enenyembezi ngaphandle kwamathandabuzo uyakubuya ememelela, esiza ephethe izithungu ezithandekayo.” Amen. Lungisa oko, sihlobo.

¹³⁵ Engako inzululwazi ngeedemoni, iidemoni zisebenza emiphfumlweni yabantu! Khangela apho ithwalwa khona isiqhamo loo nto. Khangela ukuba uphila hlobo luni na lobomi umntu. Jonga indlela abasebenza ngayo, khangela indlela abenza ngayo, bona ukuba yintoni na iinjongo zabo. Akunakwenzeka nje ngokupheleleyo. . . Yaye ndikuxelela loo nto, “Inye indlela. . . Nazi iimoto, zonke zisemgceci apha. Izulu laseCharlestown. Awunakuhamba ngenyawo. Inye indlela onokuya ngayo, yinqwelo-mafutha. Kwaye wonke umntu owela kulaa mgca kunyanzeleke ukuba eze negaloni ezintlanu zamafutha enqwelo.” Nantsi imoto yakhe, kodwa ukuba akanamafutha akanakuyiqhuba. Ke, injalo kanye loo nto, ngokugqibeleleyo kunjalo eZulwini. Ukuba ufa ungenaThixo, andikhathali nokuba ubuphila njani na waze wakha iimoto ezingaphi na, ukuba uthando lukaThixo alukho ukuze likutsalele eBukumkanini bukaThixo, ulahlekile.

¹³⁶ Kukho into esisithunzi nento eluqobo. Akunamsebenzi nokuba lo mbane ubaleka into eluqobo kangakanani apha, ukuba awunalo ucinga olungena emhlabeni, awungekhe ukhanyise. Injalo loo nto. Umelwe kukuba nengcambu, ube neengcambu kuthando lukaThixo. Owu, mzalwana! Udibanise loo nto isisithunzi nento eluqobo, uyakufumana ukuKhanya ke, ukuKhanya kweVangeli elungileyo yodidi lwakudala. Uyenze ke Isasazeke ukusuka kunxweme ukuya kunxweme. Awusayi kuze ube naYo ngaphandle kwalo. Akunamsebenzi nokuba ushukuma uxhuma kangakanani na malunga nento eluqobo, umelwe kukuba nocingo olugxunyekwa emhlabeni ukuze kudanyaze ukukhanya. Amen.

¹³⁷ Ingaba wakhe waqaphela? Ufaka ucingo olungena emhlabeni apha kule ndawo, ize yonke enye into encinane ibuyeke bhaxa apha kwisitishi esincinane, ingene kanye emhlabeni. Kwaye njalo ukuba umntu esiba neengcambu ondele kwiLizwi likaThixo, oko kumfakela iingcambu kummilisele eKalvari, phaya ngaphesheya, apho i-ankile, isibonda sokubambelela sikaThixo seziswa khona, ukuze sikhuphe ukuKhanya kweVangeli. Amen.

¹³⁸ Uyazi ukuba yintoni ingxaki? Abantu kwezi zindlu zinkulu zivulekileyo zibandayo zokugcina izidumbu zilapha phandle, bezenza ngokungathi bashumayela iVangeli. Omnye umshumayeli omncinane uze kum izolo, ungowelinye lawona mahlelo makhulu akhoyo kweli lizwe namhlanje, ngaphandle kobuKatolika. Wathi, “Mzalwana Branham, ndikruqukile.” Wathi, “Bazakusenza sonke thina bashumayeli ukuba sinxibe impahla sigqwethe iikhola, size—size sishumayele izinto

ezithile. Kwaye bazakusixelela ukuba sishumayele ntoni na, kwisiqingatha ngasinye.” Wathi, “Andisenakuyimela loo nto.” Wathi, “Ndenze ntoni? Ndiqalise ukushumayela iVangeli?”

¹³⁹ Ndathi, “Mzalwana, okoko nje usekwelo hlelo, lihloniphe. Uthethe nje kuphela loo nto bamelwe ukuba yiyo. Kodwa nyuka uye kumdala wenu okanye umveleli jikelele, uthi, ‘Mhlekezi, ndizelwe ngokutsha ngoMoya kaThixo. Nali iLizwi likaThixo. Ukuba uyakundivumela ukuba ndishumayele Lona, ndiyakuhlala kwibandla lenu. Ukuba awuvumi, ndimnkile. Linikezele komnye umntu.’” Nantso indlela omawuqhube ngayo. Musa ukuyiceba. Musa ukuba ngongakhholwayo. Phuma uthethe loo nto iyiyo. Kunjalo.

¹⁴⁰ Wathi, “Mzalwana Branham, ucinga ukuba ndinganalo ibandla?”

¹⁴¹ Ndathi, “Apho siukuba sikho iSidumbu, ziyakuhlanganisana khona amakhozi.” Injalo loo nto, ziyakulandela.

¹⁴² Njengeny indoda, ngelinye ithuba, eyathi yaqanduselisa amantshontsho enkukhu. Ngoku, ayisosiqhulo. Andiyithathi njengesiqhulo loo nto. Ndiyithethela ukucacisa. Yayizakubeka iinkuku zayo, yabe ingenamaqanda aneleyo. Yabeka iqanda ledada phantsi kwenye. Yathi yakuqandusela, idada laba yeyona ikhangeleka kakubi ezakha zayibona iinkukhu. Zize izikhukukazi zikokozele iinkukhu namantshontsho amancinane eze, kodwa idada lalingalwazi olo lwimi. Kodwa, ngenye imini, eso sikhukukaza sakudala sawakhokelela phandle emva kwehoko. Kwakukho umlanjana ezantsi emva kwaloo hoko. Lathi elaa dada lincinane lakuweva ngevumba amanzi, labaleka ukuya emanzini kangangoko lalinokuba nako. Eso sikhukukazi sidala sathi, “koko, koko, koko.” Idada elincinane lathi, “kro, kro, kro.” Lalisiya emanzini. Kuba? Lalilidada, ngemvelo. Leva ivumba lamanzi, mzalwana, lalingenakumela kude kuwo, ngokuba lalilidada.

¹⁴³ Ndaye ndithi namhlanje, naba phi na abantu abafuna uThixo ngenene, abasayi kuvumela bandla libanyanzele ngento abangenakuyiphila, *iyile* okanye *enye*. Ukuba unemvelo kaThixo kuwe, uyakuya ebungweleni. Uyakuya kwinto elungileyo. Uyakumela into elungileyo. Uyakwenza into elungileyo. Uyakucinga into elungileyo. Uyakuphila into elungileyo. Ukuba ulidada, uyakuwathanda amanzi. Ukuba unguMkristu, uyakuthanda uKristu. Ukuba unguMtyholi, uyakuthanda izinto zikaMtyholi. Ukuba usisangxa, uyakudla izinto ezifileyo. Ukuba uyihagu, uyakudla umgquba. Uphi namhlanje? Kunjalo. Ubanga ukuba ulapha phezulu, udla izinto zeNkosi, uze uhle uye kufumana noMtyholi? Kukho into engundonakele kuloo nto. Kuyeke ukumamela loo mimoya; iziidemoni. Akunamsebenzi nokuba uthe wema wedwa na. Amadoda kwanabafazi abakhe benyukela entweni, ngokufutshane, ibe ngamadoda nabafazi abathe bema bodwa noThixo.

¹⁴⁴ Khangela kuMikaya, indlela awema ngayo apho; akazange afane nelitye laseGibraltar, koko liLiwa laPhakade. Wathi, “Andisayi kuthetha nto... Andikhathali nokuba iziko lemfundo lithini na. Andikhathali nokuba ibandla lam lithini na. Andikhathali yinto ethethwa ngukumkani. Nokuba bayinqumle intloko yam, ndiyakuthetha kuphela oko uThixo akubeke emlonyeni wam ukuba ndikuthethe.” Wayenyanisile. Wayenyanisile.

¹⁴⁵ Ke namhlanje, madoda nani bafazi, musani ukuhoya oko liniphathele kona ihlabathi, hlobo luni na lonyango elinalo, hlobo luni logonyo lweentsholongwane abanalo, baze babange, “Ukuba ujoyine ibandla, kuyakulunga kuwe.” Lugonyo lobuxoki olo. Kuba? Usenaso isifo sesono. Injalo loo nto. Kodwa ndikuxelela into enye, mzalwana, eyakuthi ikugonye kwisono, leyo, kukuza kwiGazi lexabiso leNkosi uYesu Kristu ukuze uzaliswe nguMoya oyiNgcwele, loo nto ke iyakukunika isitofu sokugonyela isono, ukuze iminqweno yakho isingise eZulwini, kwaye awusayi kuba naxesha lezinto zehlabathi.

Masithandaze.

¹⁴⁶ Bawo wethu waseZulwini, xa sibona le mimoya ilukuhlayo iphezu kwabantu, sisazi ukuba bayazidelela izinto zikaThixo, ndiyathandaza, Thixo ukuba Ubambe yonke indoda nomfazi olapha namhlanje. Mayibe loo mini, Nkosi, abaya kuthi ngayo baqonde ukuba ubomi babo abuthelekiseki neLizwi. Kwaye bebephulaphula into ephosakeleyo, kuba uMtyholi ebe bathambisela koolindi-xesha abadala beTrue Story, into endala ebolileyo yombolo wehlabathi, nakwimifanekiso emidala yebhanya-bhanya nakumabonwakude ongcobileyo. Owu Thixo, izinto ekungenakwenzeka kakhulu kuMkristu ukuba azibukele! Thixo, loo nto isiphatha kakubi. Uthe wena iKuphatha kakubi, ngokunga unghlanzani. Uthe, “Inja ibuyele emhlanzweni wayo, ne-nehagu iphindele ekuzityikatyikeni.” Nenja endala inganento eyihlanzayo. Ukubona ozelwe ngokungagqibekanga, omelwe ukuba nguye, umntu ongumhana-hanisi esiza esiguqweni, ngokungathi uzakuhlaza ihlabathi; abe esaqhubela phambili, baze babuye badle kwaloo nto. Owu Thixo, coca iNdlu yaKho, Nkosi. Haleluya! Thulula uMoya oyiNgcwele nokunjalo ukugwebeka kwakudala okuya kucoca umdla womntu ucoce umphefumlo wakhe, kumcoce kumenze abe sisidalwa esisingise eZulwini. Mphe... Hlaziya ubutsha bakhe nezifungo zakhe njengokhozi, ukuze abe nokunyuka adlule kwizinto zeli hlabathi, abhabhe phezulu angene eMazulwini phaya ngaphesheya apho anokufumana khona iinkathazo zisiza mgama. Siphe oko, Nkosi.

¹⁴⁷ Wabafanisa nazo abaprofeti baKho, iinkozi, ezineliso lokhozi, ezinokubhabhela phaya phezulu zibone izinto kwixesha elide ngaphambi kokuba zifike. Owu Thixo, sikelela eli bandla lincinci. Sikelela abantu abahamba apha. Sikela

iindwendwe ezisemasangweni namhlanje. Mabazi ukuba lo Myalezo ubungajoliswanga kwisiqu esithile, koko ujoliswa ikakhulu, Nkosi, kwabo banentswelo ngokunzulu; sisazi ukuba ngenye imini simelwe kukuma sisonke kumgwebo kaThixo, sisazi kananjalo ukuba siyakuba ngamabelwe kukuphendula ngenxa yokwazi iNyaniso size singaYithethi. Bawo, ndiyathandaza ukuba Ithathwe ibekwe kwintliziyo nganye. EGameni likaYesu.

¹⁴⁸ Iintloko zethu zithotywe njalo okomzuzwana, ingaba ukho umntu othile apha ngale ntsasa oyakuthi, “Mzalwana Branham, ndikruqukile zezi zinto zincinane zindala. Ndibe nezinto ezincinane zokudlala ezijinge kum ithuba elide. Ndi—Ndithe rhoqo ukuthetha ngokungafanelekanga. Nde—Ndenze izinto ebendingamelwe kukuzenza, kwaye ndiyayazi loo nto. Asiyonto efanelekileyo kuMkristu. Andifuni ukuyenza loo nto, uThixo uyazi ukuba andifuni. Andifuni kuphulaphula laa moya mdala kwakhona. Yiloo nto ethe yandibambezele ubomi bam bonke, ekubeni ndibe nothando lwenene nenkululeko kuKristu. Ndifuna ukuba undithandazele, Mzalwana Branham, ukuze loo nto i—imnke kum namhlanje.” Awunakuphakamisa isandla sakho? Yonke intloko igotywe. UThixo akusikelele. Owu, bethu, ngamaqela ezandla! Izinto zokudlala, izinto zakudala ezikwenza uthethe okanye uqale uhlobo oluthile lokuxambulisa okuncinane ebandleni, zikwenze umele enye into eyenye ngolo hlobo. Owu, loo nto ayinabuthixo. Yimpixano phakathi kwabazalwana leyo. Yaye musa ukuyenza loo nto. Awuyifuni loo nto. Awuyifuni loo nto kwakunye nezo zinto zincinane zindala, imisindo emincinane emidala nayo yonke enye into, ukuba ikubambezele.

¹⁴⁹ Yithi, “Thixo, andisayifuni loo nto kwakhona. Ndikruqukile yiyo. Ndilungele ukuyilahla namhlanje. Ndiyeza ngoku, Nkosi, ndifuna ukumnka kuko konke ukuthanda kwam. Ukuba umzalwana wam akandiphathi ngendlela, ndiyakumthandazela nangoko. Ukuba utata akandiphathi ngendlela eyiyo, ndiyakumthanda nokuba kunjalo. Ukuba inkosikazi yam ayindiphathi kakuhle, okanye umyeni wam, ndiqhubela phambili, ndithobeke, phambi koThixo. Nkosi, ndikhangele kuphela kobaKho uBukumkani. Ndifuna ukuba ingqondo yam ibe yengqalileyo. Ndifuna ukuba intliziyo yam izaliswe luvuyo. Ndifuna ukuhamba ndiqhubele phambili, ngethuba kanye inkathazo ibhubhuzela kum, ndifuna ukuhlala izandla zam ndiziphakamisile nangoko nentliziyo yam inyulu phambi kwaKho, Nkosi, ndisazi oku, ukuba ngamhla uthile ndiyakuhlangana naWe. Ndifuna olo hlobo lwamava. Nkosi, ndenze ndibe yiloo nto, ukususela namhlanje.”

¹⁵⁰ Awunakuphakamisa isandla sakho, umntu othile obengasiphakamisi isandla sakhe kweli thutyana

lidlulileyo. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Dade, sinike isingqi ngoku zithotyweyo iintloko zethu. Ingaba unyaniseke kangakanani kuloo nto? Ungadlali ngoku. Asilo xesha lakudlala eli. Lixesha lokwamnkela. Lixesha lokuYifumana ngalo eli. Yiza, khupha konke khona ngoku. Awunakwenza njalo? Yiza, nikela konke onako kuThixo. Uthi, “Thixo, andinanto ininzi kakhulu. Ndiyinkosikazana nje yasendlwini. Akukho nto ininzi ndikwaziyo ukuyenza, Nkosi, kodwa ndi—ndinako ukufunda iBhayibhile, ndingathandaza yonke imihla. Ndingakhupha yonke laa nkunkuma isengqondweni yam. Ndingakhupha yonke loo nto iphume ngaphandle. Ndinobutyala ngezinto ezininzi athe laa mshumayeli wazithetha ngale ntsasa, ngoko ndi—ndizikhuphela ngaphandle namhlanje. Andizifuni. Thixo, ndizalise ngothando. Ndizalise ngento eyakwenza ukuba ndithande olona tshaba lubi ndinalo. Ndiyifuna ngenene loo nto, Nkosi.”

¹⁵¹ Ngeli thuba asadlala umculo apha, awunakuza ngoku ume apha esibingelelweni apha okomzuzwana nje, ngeli thuba sihlanganisa izwi lomthandazo. Ukuba unyanisekile ngenene kuloo nto ngoku, ukuba ngenene ukulungele ukuyilahla loo nto, awusayi kumnka kwesi sibingelelo namhlanje unaloo nto entliziyweni yakho, ukuba uyakuza unyanisekile. Uze uthi, “Ndiyenyukela apha ukuza kuma nje, umzuzu nje, Mzalwana Branham, ewe, xa uzakwenza izwi lomthandazo kunye nam, buqu.” Ndi—Ndifuna ukuza, ndithandaze. Ungeza ke ngoku? Iintloko zenu zithotywe, ngubani oyakuphakama eze esiguqweni, eme angqonge isibingelelo?

Mawungandidluli, Owu Msindisi onothando,
Yiva ukukhala kwam kokuzithoba;
Xa Ubabiza abanye,
Owu, mawungandidluli.

Msindisi, Msindisi,
Yiva ukukhala kwam kokuzithoba;
Xa Ubabiza abanye,
Owu mawungandidluli.

¹⁵² Akunamsebenzi nokuba kulithuba elingakanani na unguMkristu, ube nezo zinto zincinane zemimoya emidala ethetha nawe, ekwenza uwululeke, ikwenze uthethe ngomnye umntu. Xa kukho umntu othile ozayo aze athethe ngomnye umntu, ungenelela kunye nabo kuloo nto, uze, owu, umgxibhe nje. Ayilunganga, mzalwana. Musa ukuyenza loo nto. Loo nto ekugqibeleni iyakukuvalela ngaphandle kweLizwe ledinga. Ukuba unentwanana nje yaloo nto indala ubungamelwe kukuba nayo, ukuba uthando lukaThixo ngenene alukho entliziyweni yakho, awusayi kuba linenekazi okanye indoda,

unyuke uze apha uthi, “Thixo, ndizakuyilahla apha kanye, ngale ntsasa, kanye kule ndawo. Ndimnka kwesi sibingelelo ndingumntu otshintshekileyo.” Awunakuza?

¹⁵³ Ingaba ukho umoni ongazange amamnkele uYesu, ube usazi ukuba ungumoni, awuMazi njengoMsindisi wakho? Yithi, “Mzalwana Branham, ewe, bendicinga ukuba ndizonwabisa kakhulu. Ndiye kwimidaniso nakwiipati nakuzo zonke ezo zinto. Ndaze ndabukela imiboniso engalunganga. Nda—Ndafunda iincwadi ezingalunganga. Ndifunde iincwadi ezindala ezinamabali angcolileyo kuzo. Ndaze ndaba kuvuyela ukufunda loo nto.” Mzalwana, kukho into engalunganga kuwe. Ngumcaco wakho; ‘yabona, ndibonise ukuba umntu ufunda ntoni na, mandibone ukuba yintoni na ayibukelayo, ndimamele umculo awumamelayo.

¹⁵⁴ Ngenye imini, ndihamba ngemoto, umntu othile wasondela wavula unomathotholo, uhlobo lomculo wakudala ongcolileyo. Ndathi, “Vala loo nto. Andifuni kuyiva loo nto.” Uhlobo oludala lomjuxuzo iBoogie-woogie.

Wathi, “Kuba, ndiyathanda ukuyimamela.”

Ndathi, “Imvelo yakho ayilunganga. Awulunganga.”

¹⁵⁵ Xa ndandilapha phandle, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo emva koko, ndiphezu kwethambeka lentaba okanye ethambekeni lenduli, ndiloba, kunye naloo mntu, ezoo ntaka zincinane zazicula. Iintibane zikhwaza. Imartin gale yayibhabha phezulu emoyeni, okanye iNightingale intaka emnyama ecula kamnandi nasebusuku, zicula iindumiso. Ndakhwaza kuloo mfana, ndathi, “Khangela, mfana, nanko owam umculo. Lowo mawuhlale ucula. Ngunomathotholo wam lowo. UThixo uthobe zona ukuba zindiculele ngeli thuba ndilapha. Ziyawuthuzela umphefumlo wam.”

¹⁵⁶ Kungeono loo nto kunalaa nto indala yempambano, ezi bhokisi zindala zomculo kufakwa kuzo imali zigquma, ziqhubeka, xa ungenako nokudla kwindawo yasesidlangalaleni. Sisondlo soMtyholi eso. Yinqumba yoMtyholi, iphithikezwe yonke nesono. Ingaba uyathabatheka kakhulu apho uvuye loo nto? Xa bafaka imali kwezo bhokisana zindala, kuze kuphume loo nto ingcolileyo indala, uyayivuyela? Uhlazekile. Ungumkreqi. Ukude noThixo. Awumazi uThixo. Ukuba ubumazi uThixo, kuxolelo lwezono zakho, ubungekhe uphulaphule imfeketho enjengaleyo. Ibiyakuba yefileyo kuwe. Ubu—Ubuyakuhlaza yiyo. Awuyifuni. Isidlo sakho sesingcono. Uthanda uThixo. Awunakuza ke ngale ntsasa, uguqe phantsi apha kunye naba bavumayo ngale ntsasa?

¹⁵⁷ Nanga amadoda nabafazi beguqe kanye apha, abebekade bengamakristu iminyaka. Andibenzi bangabi ngomakristu. Kodwa oko ndizama ukukwenza kukubaxelela ngalaa

mtyholi, ubangcungcuthekisayo, ubagcina bekude kuVuyo oluzalisekileyo. UMoya oyiNgcwele uluVuyo. Ke, ndivuka ndinxilile, ndiye kulala ndinxilile, ndinxila imini yonke, ndinxile ubusuku. Owu, ndi—ndiyayithanda loo nto. Ndiyakuloba ngeli “Ungandidluli, owu Msindisi ongcwele. Yiva ukukhala kwam okuthobekileyo.” Ndiye kuzingela, ndicule indumiso zikaThixo. Ndiyashumayela, kuyo yonke indawo endihamba kuyo. Awufuni ukuba lolo hlobo wena? Uzaliswe nguMoya oyiNgcwele, Uyakudlamkisa. Owu, bethu! Ingaba uyaveba becula ezo ngongoma zingcolileyo zindala? Ungacula eli:

Ndisingise kwiLizwe ledinga,
 Ndisingise kwiLizwe ledinga;
 Owu ngubani na oyakuhamba nam?
 Ndisingise kwiLizwe ledinga.

Ndisingise kwiLizwe ledinga,
 Ndisingise kwiLizwe ledinga;
 Owu ngubani na oyakuhamba nam?
 Ndisingise kwiLizwe ledinga.

Ndiyakufika nini na ekuphumleni okungcwele,
 Ndisikelelwe naphakade!
 Ndiyakubona nini na ubuso bukaBawo,
 Ndiphumle esifubeni saKhe?

Ndisingise kwiLizwe ledinga,
 Ndisingise kwiLizwe ledinga;
 Owu ngubani na oyakuhamba nam?
 Ndisingise kwiLizwe ledinga.

¹⁵⁸ Awuyi kuza, uhambe? Ndikhumbula xa malunga namakhulu amahlanu ethu ayeme phaya phesheya xa ndandibhaptiza ikhulu elinamashumi amabini, malunga kwa neli xesha enyakeni, ezantsi apha elunxwemeni lomlambo, xa elaa Khwezi likhulu loKusa lehla likhanya phezu komlambo. Halleluya! IZwi lithetha liphuma kuLo, lathi, “Ngenye imini uyakusasaza iVangeli kwihlabathi liphela.” Yayinokuthini inkwenkwe yasezifama elusizana, encinane, engafundanga ukuba nokwenza loo nto? Ubabalo lukaThixo! Amen.

¹⁵⁹ Owu, ngubani oyakuza ahambe? Ahlukane, abekele bucala, wonke umthwalo ngoku. Musa ukuphulaphula loo mimoya ilukhlayo. Yiza, uphulaphule iLizwi likaThixo, ITSHO INKOSI! “Banoyolo abo balambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba bayakuhluthiswa bona.”

¹⁶⁰ Masithobe iintloko zethu ngoku ngeli thuba sithandaza kunye naba basesiguqweni.

Bantwana abathandekayo, ndifuna ukuba nikhumbule, ngale ntsasa, nilapho ukuze nibekele bucala umthwalo. Nimelwe kukubekela bucala wonke umthwalo nesono esinokunirhawula ngokusisisulu. UPawulos watsho, kumaHebhere, isahluko se-12.

...oko ke si...sinelifu elingakanana nje
elisingqongileyo lamangqina, masithi nathi
siwubekile nxamnye wonke umthwalo, naso isono...
esinokusirhawula ngokusisisulu,...

Ndisathetha ntoni na? kuba...ndingaphelelwa
lixesha...ndibalisa ngoGidiyon,...kwanoBharaki,
kwanoBharaki,...noSamson,...noYifeta;
noDavide...noSamuweli, nangabo abaprofeti:

Abathe ngokholo beyisa izikumkani, baze benza
ubulungisa, bazuzana namadinga, bavingca imilomo
yeengonyama,

Bacima amandla omlilo, basinda kwiintlangothi
zekrele, bomelela ekubeni bebeswele amandla,
babanga...magorha...bagxotha imikhosi
yabasemzini...

Abafazi babazusa abafileyo babo bephilile...

Abanye ke batyakatywa, benziwa intlekisa,
batyakatywa,...ngoko, phezu koko, beviswa
imixokelelwane nentolongo:

Ba—Bahendwa...kuhlelelwa...betyakatywa...

...Bonke bengqinelwe ngalo ukholo,

Aba ke bonke bathi, nakuba babengqinelwe ngalo
ukholo, abazuzana nalo idinga:

UThixo esazelenene thina ngeyona nto ilungileyo,
ukuze bangenziwa bagqibelele ngaphandle kwethu.

Ngako oko si...sinelifa elingakanana nje
elisingqongileyo lamangqina, masithi nathi
siwubekile nxamnye wonke umthwalo, naso isono...
esinokusirhawula ngokusisisulu, silubaleke ngomonde
ugqatso olubekwe phambi kwethu,

Sise amehlo kuyo imbangi nomgqibelelisi wokholo
lwethu uYesu; owathi ngenxa yovuyo olwalubekwe
phambi kwakhe wawunyamezela umnqamlezo,
walidela ihlazo, wa...waza wahlala phantsi
ngasekunene kwetrone kaThixo.

¹⁶¹ UYesu, kumthandazo waKhe, wathi, “Bawo, ndiyaZingcwalisa.” UYesu waba ngongcwalisiweyo, kwiBandla. Ngewayetshatile, kodwa Akazange enze njalo. Waba ngongcwalisiweyo. Wathi, “Bangcwalise, Bawo, ngayo iNyaniso. ILizwi laKho liyiNyaniso.”

¹⁶² Ngoku masibekele bucala wonke umthwalo. Unomsindo? Kukho into ethile kuwe, ekwenza uthethe xa ubungamelwe kukuthetha? Owu Thixo! Yibeke apho ngoku. Yibe—ke apho, ukhangele uMlilo wesibingelelo usihla uyithabatha uyisusa.

Khangela uthando lukaThixo luyilenya. Khangela konke oko kuzingca kudala, indlela othetha ngayo nenkosikazi yakho, indlela obuthetha ngayo nomyeni wakho, indlela obuthetha nommelwane wakho ngayo, indlela obuthetha ngayo ngabanye abantu ebandleni, yibeke esibingelelweni ngale ntsasa, kwaye uMlilo kaThixo uyakuhla uyithathe uyisuse khona ngoko, uzu-ko uthando oluNgcwele luvuthe endaweni yaloo nto.

¹⁶³ Ingaba unesifo? Sibeke phezu kwesibingelelo, uthi, “Nkosi, siso eso. Dala ngaphakathi kum uMoya ococekileyo. Dala ngaphakathi kwam amandla okuphiliswa.” Ubone ukuba uyakwenza nina uThixo. UThixo uyakuyenza loo nto ngale ntsasa.

¹⁶⁴ Bawo wethu oseZulwini, sithoba eBusweni baKho, endaweni yabo basesiguqweni. Maluthi ubabalo lwaKho luphumle phezu kwakhe ngamnye kubo, Bawo. Ngoku njengokuba be...Nkosi, andinakubenzela loo nto. Bamelwe kukuyenza ngokwabo. Akukho mntu unokubenzela. Bamelwe kukuyenza bebodwa. Mayithi imiphefumlo yabo ngoku ngaphakathi kubo, “Owu Thixo, lo msindo, ndiwubeka phantsi apha, Nkosi. Andisayi kuphinda ndiwuthathe. Akunamsebenzi nokuba kuvela ntoni na okanye yemnka, ndiyakuwuyeka uhambe, ukusukela ngoku ukuya phambili. Olu lwimi lwam bekulula ukuba ndimele iqela lentlelendwane ngalo, Nkosi, ndilubeka apha phantsi. Andisayi kuluchola kwakhona. Ngcwalisa ulwimi lwam, Nkosi. Mandive iiNgelosi ziphumela, kuba u-Isaya wenzayo xa wayesithi, ‘Ndingomlomo oyinqambi. Yeha ke mna!’” Yaza iNgelosi yeza, yathabatha isiphatho, yaya esibingelelweni yakhupha amalahl oMlilo, yawubeka emilebeni yakhe yamngcwalisa. Thixo, ngcwalisa wonke ongothethayo, ngale ntsasa, othetha izinto eziphosakeleyo ahlwayele impixwano. Siphe oko, Nkosi.

¹⁶⁵ Zonke izifo ezithe zathotyelwa apha kwesi sakhiwo, abantu abanezifo, besazi ukuba ziidemoni ezo, kananjani. Thixo, njengomkhonzi waKho, ndiyazikhalimela, eGameni likaYesu. Zanganga phuma kuye wonke umntu ogulayo. Kwaye wanga wonke umntu ongahlambulukanga, oneengcinga ezingahlambulukanga, ubukrwada, iinkanuko, amadoda kwanabafazi, ngokufanayo, Thixo, yikhuphe kubo. Zonke ezi zinto zokuzama ukwahlukana nemidiza, nokusela okuncinane kwaphakathi kwabantu, neepati ezincinane, nezinto zokuzicingela; Thixo, vuselela intliziyo yabo ngoMoya oyiNgcwele ngokokude ezo zinto zingabi saba namnqweno kwakhona. Zingabi nandawo; uzaliswe kangako nguMoya oyiNgcwele, ukusuka ngoko ukuya phambili.

¹⁶⁶ Thixo, yenza eli bandlana libe lityholo elivuthayo. Lenze libe yindawo kaMoya oyiNgcwele, ulenze libe linguMlilo

ovuthayo, ukuze ihlabathi libe nokutyeka ukuza kubona ubuqaqawuli bukaThixo. Thixo, qala ngeli bathwana labantu, lamakhulu ambalwa elapha ngale ntsasa. Siphe oko, Nkosi.

¹⁶⁷ Sulungekisa yonke intliziyo, wonke umWisile, wonke umBhaptizi, wonke umKatolika, wonke umRhabe, wonke owenkonzo kaMoya. Nkosi, yikhuphe entliziyweni yabo, ubenze beze kuWe namhlanje. Siphe oko, Bawo. Ndibanikela kuWe, ndibanikezela kuWe, eGameni likaYesu Kristu, ukuze kuhlanjululwe imiphefumlo yabo kuphiliswe nemizimba yabo. Amen.

¹⁶⁸ Ingaba, phaya esibingelelweni, uwushiyele umthwalo wakho? Ingaba uziva uwushiye apho? Ukuba uva ukuba ubekwe apho, nguwe umgwebi. Nguwe othandazayo. Ndishumayele mna. Wena mawuthandaze. Ingaba umthwalo wakho ushiyeke apho, mzalwana, dade? Ingaba ngenene uyawushiya apho? Ukuba unokwenza njalo, phakamisa isandla, uthi, “Ewe, Thixo, ngoku ndikushiya apha. Ukungakhathali kwam, ndikushiya apha esibingelelweni.” Uthini ngaloo nto, apha ngezantsi ekupheleni kwesibingelelo, ngasekunene kwam, nkosazana? Uyakuwushiya apho? Ungawushiya loo mthwalo mdala ungqengqe apho? Uthi, “Ewe, ukholo lwam lukhangela kuWe, Wena Mvana yeKalvari.” Ngeli thuba siliculakunye ngoku.

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Mvana yeKalvari,
Owu Msindisi oNgcwele;
Ngoku ndive ndithandaza,
Susa ityala lam,
Kususela namhla
Ndibe ngowaKho!

¹⁶⁹ Masime ngenyawo, ngokuhlonipha okukhulu, wonke umntu. Ngoku phulaphulisisa, wonke umntu ngoku. Makungabikho mntu uhambayo. Nje...Inkonzo ayikagqitywa. Ndifuna ukuba nifumane obu bungcwele buncinane, oko kundileka kuncinane.

Ndisacand'udada,
Lwentlalo enzima,
Yiba nguMkhokeli wam Wena;
Susa ubumnyama,
Sula iinyembezi,
Kususela namhla
Ndibe ngowaKho!

Musa ukuliculela osecaleni kwakho ngoku. Vala amehlo akho, silicule ngokuzekelela, sisaphakamisela izandla zethu kuThixo.

Ndisacand'udada,
 Lwentlalo enzima,
 Yiba nguMkhokeli wam Wena;
 Susa ubumnyama,
 Sula iinyembezi,
 Mandingaze ndimnke
 KuWe ndlela.

NdinoBawo phaya ngaphesheya,
 NdinoBawo phaya ngaphesheya,
 NdinoBawo phaya ngaphesheya,
 Kolwa nxweme lungaphaya.

Owu, ngemini ekhanyayo ndiyakuMbona,
 Ngemini ekhanyayo ndiyakuMbona,
 Ngemini ekhanyayo ndiyakuMbona,
 Kolwa nxweme lungaphaya.

Owu, loo mini ikhanyayo isenokuba ngomso,
 Loo mini ikhanyayo isenokuba ngomso,
 Loo mini ikhanyayo isenokuba ngomso,
 Kolunye unxweme.

¹⁷⁰ Ingaba ngoku, bangaphi abanotata okwela Lizwe? Masibone isandla sakho. Bangaphi abanomama okwela Lizwe? Masibone isandla sakho. Bangaphi abanoMsindisi okwela Lizwe? Masibone isandla sakho.

Ayikuba yinkonzo yolonwabo leyo!
 Ayikuba yinkonzo yolonwabo leyo!
 Ayikuba yinkonzo yolonwabo leyo!
 Kolo nxweme lungaphaya.

¹⁷¹ Ndifuna ukuba wenze into ethile. Ngoku siculayo kwakhona, ndifuna ukuba ubambe isandla komnye umntu omi ngakuwe, uthi, “Mzalwana, dade, ndithandazele, ukuze ndihlangane nawe kwela Lizwe.” Musa ukuyenza ukuba awunyanisekanga ngaloo nto. Bangaphi abafuna ukuhlangana nabanye? Bangaphi abafuna ukuhlangana naye wonke umntu olapha, ngaPhaya? Thina, ngokuqinisekileyo siyafuna. Ngoku masibambane isandla omnye nomnye, sithi, “Ndifuna ukuhlangana nawe, mzalwana. Ndifuna ukuhlangana nawe kwela cala.” Ngoku sisacula eli, “NdinoMsindisi phaya ngaphesheya.” Kulungile.

NdinoMsindisi phaya ngaphesheya,
 NdinomSindisi phaya ngaphesheya,
 NdinoMsindisi phaya ngaphesheya,
 Kunxweme olungaphaya.

Owu, ngenye imini ekhanyayo ndiyakuMbona,
 Ngenye imini ekhanyayo ndiyakuMbona,
 Ngenye imini ekhanyayo ndiyakuMbona,
 Kunxweme olungaphaya.

172 Awuvi kumnandi kulunge kakhulu? “Yesu, ndigcine kufutshane nomnqamlezo.”

Yesu, ndigcine kufutshane . . .
Kukho umthombo othandekayo,
Osisisa kubo bonke, umfula ongowempiliso,
Uphuma eKalvari emtho- . . .

Wonke umntu aphakamise isandla ngoku.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Makubekho ukuqhayisa kwam;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo uzuze
Ukuphumla phesheya komlambo.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Makube lapho ukuqhayisa kwam;
Ude umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla phesheya komlambo.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari.

Makabongwe uThixo!

173 Masithi ngokuzolileyo ngoku sithobe nje iintloko zethu. Ukuze ngendlela eyeyethu ethandekayo, masithi siMdumise nje izandla zethu ziphakanyisiwe, sithi, “NdiyaKubulela NKosi, ngokusindisa umphefumlo. NdiyaKubulela, Nkosi, ngokundiphilisa. NdiyaKubulela, Nkosi, ngako konke Okwenzileyo, ukundizisela ukuhlangukwa okumnandi, ukundizisela usindiso ngesisa. NdiyaKubulela, Nkosi.” SiKunika lo mnikelo wombulelo. SiyaKudumisa ngokuba Uthandeka kakhulu. UyiN-yibiba yaseZihlanjeni, iKhwezi loKusa, uMfiyo waseSharon, uKuko konke Kubo bonke. UnguYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele; Lowo Wayekho, Lowo Ukhoyo, naLowo Uzayo; u-Alfa, u-Omega. UnguLowo unguMmangaliso, iTshawe loXolo, iNgcambu nenzala kaDavide. UKuko konke! Kwaye siyaKubulela Nkosi, ngako konke Okwenzileyo. SiyaKubulela ngeLizwi laKho, kuba LikukuKhanya emendweni. Owu, siyaKuthandaza, Nkosi, ukuba Usenze sihambe ekuKhanyeni. Siphe oko, Bawo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Kulungile. Ngeli thuba sizakube sihlala okomzuzu. “Siyakuhamba ekuKhanyeni.”

Siyakuhamba ekuKhanyeni, ukuKhanya okuhle,
Kuvela kumathunzi wombethe wenceba akhanyayo;
Kukhanya kusingqongile, emini nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwe . . .

174 Yizani, bangcwele, masilicile ngoku!

Siyakuhamba ekuKhanyeni (ukusulungeka,
ubungwele), UkuKhanya okuhle,
Kuvela kumathunzi enceba akhanyayo;
UkuKhanya kusingqongile, emini
nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

Yizani, niMvume njengoKumkani wenu,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi;
Ngoko iintsimbi zeZulu ziyakukhala,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

Wonke umntu!

Siyakuhamba ekuKhanyeni, (ukuKhanya
emendweni wam), UkuKhanya okuhle,
Kuvela kumathunzi enceba akhanyayo;
Ukukhanya kusingqongile, emini
nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

¹⁷⁵ Alenzi uve kumnandi? Bangaphi abava kumnandi?
Phakamisa isandla sakho ngoku, “Ndiva kumnandi
ngenene,” uMoya oyiNgwele ukufuna fune wakufumana.
Ngoko siya (kuthini?) kuhamba ekuKhanyeni. Musa
ukumamela nantoni na...Yintoni ukuKhanya? “ILizwi
laKho lisiSibane.” Ke ngoko:

Siyakuhamba koku kuKhanya, KukuKhanya
okuhle,
Kuvela apho amathunzi ombethe enceba
akhanya khona;
UkuKhanya kusingqongile, emini
nasebusuku,
UYesu, ukukuKhanya kwehlabathi.

¹⁷⁶ Ngoku, ayimangalisi loo nto? Kukhangeleka ngathi
asikwazi kuvala. UMoya oyiNgwele usibambile! Anivi ngolo
hlobo nina? Kukhangeleka ngathi nje andinakupheza. Kusuke
kwangathi andinako.

IVangeli yopha igazi,
Igazi labadisipile abafela iNyaniso,
Le Vangeli kaMoya oyiNgwele yopha igazi.

Owokuqala owafela eli cebo likaMoya
oyiNgwele,
YayinguYohane umBhaptizi, kodwa wafa
ngokwendoda;
Kwalandela uYesu, baYibethelela,
Washumayela ukuba uMoya ungasindisa
abantu esonweni.

Kwakhlo uPetros noPawulos, noYohane
oNgcwele,
Banikela ngobomi babo ukuze le Vangeli
ikhanye;
Baxuba igazi labo, njengabaprofeti
bakudala,
Ukuze iLizwi lenyaniso kaThixo libe
nokuchazwa ngokunyaniseka.

Baze bamxuluba uStefano, washumayela
ngokuchasene nesono,
Wabacaphukisa kakhulu, bayifaka phakathi
intloko yakhe;
Wafa ekuMoya, wanikezela ngoMoya
Waya kungenela kwabanye, loo mkhosi
unika ubomi.

Ihlala isopha igazi, ewe, Yopha igazi,
LeVangeli kaMoya oyiNgcwele yopha igazi,
Igazi labadisipile abafela iNyaniso,
Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele ihlala
isopha igazi.

Phula phula!

Kukho imiphefumlo ephantsi
kwesibingelelo, iyakhwaza, “Koda kube
nini na?”
Ukuze iNkosi yohlwaye abo benza
okungalunganga;
Kodwa kuyakubakho abangabanye abaya
kunikela ngegazi nobomi babo
Ngenxa yeVangeli kaMoya oyiNgcwele
nomkhukula wayo obomvu.

Ihlala nje isopha igazi, haleluya, Yopha
igazi,

Ndifuna ukuba ngomnye wabo.

IVangeli kaMoya, Yopha igazi,
Igazi labadisipile abafela iNyaniso,
Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele yopha igazi.

¹⁷⁷ Ndingathanda ukuhamba ndiphuma apha epulptini kanye. Amen. Owu, kumangalisa kangakanani! Abazalwana bam banikela ngegazi lobomi babo. Kuyakubakho abangabanye abaya kwenza kwaloo nto. Ungakhathazeki. Iyehla iyasondela kumboniso wamandla kungekudala. Kuyakuba phakathi kokuba ungene kungenjalo uphume. Bonke bayazimanya ngoku kwiBhunga leeNkonzo, bonke bangena phakathi. Bayabumbana.

Kwaye kuyakubakho abangabanye abaya
 kunikela ngegazi lobomi babo,
 Ngenxa yale Vangeli kaMoya oyiNgcwele
 nomkhukula waYo ohlambululayo.
 Yopha igazi, ewe, Iyopha, (Owu, haleluya!)
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele yopha igazi,
 Igazi labadisipile abafele iNyaniso,
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele Yopha igazi.

¹⁷⁸ Bethu! Ndiva ngokungathi uXwilo luphezu kwebandla kanye. Owu, oko kwenza ndive kumnandi kakhulu! Zonke izono ziphantsi kweGazi. 'Yabona uMoya oyiNgcwele uyalithanda iLizwi. ILizwi lilo azondla ngalo uMoya oyiNgcwele, 'yabona. Owu, bethu! Uyehla angene phakathi kwabantu, ahlambulule izono zabo, athabathe asuse ukugula kwabo, asuse ukudangala kwabo. Ngoku ndiyaxila, ndinxile kangangoko ndinokuba nako, ndinxila nguMoya, uthando oluphuma entliziyweni yam. Akunamsebenzi nokuba nabani wakhe wenza ntoni na, mxolele. Olona tshaba lubikuwe, ludlule. Nabani na owakhe wathetha okanye wathetha nantoni na, ukuba ndi. . . ngekho mna. . . kuphelile ngaloo nto, yonke ihlanjululwe ngoku.

Kwaye Yopha igazi, ewe, iYopha IGazi,
 IVangeli kaMoya oyiNgcwele yopha igazi,
 Igazi labadisipile abafele iNyaniso,
 Le Vangeli kaMoya oyiNgcwele. . . .

Owu, bethu! Kuyamangalisa nje!

Lixesha elimnandi njani kuwe,
 Lixesha elimnandi kanjani kum;
 Ukuba silungiselele ukuhlangabeza uYesu
 uKumkani,
 Lixesha eliyakuba mnandi njani.

Lixesha elimnandi njani kuwe,
 Lixesha elimnandi njani kum;
 Kuba silungiselela ukuhlangabeza uYesu
 uKumkani wethu,
 Lixesha eliyakuba mnandi njani.

Niyalithanda elo? Wonke umntu, masiye!

Owu, lixesha elimnandi njani kuwe,
 Lixesha elimnandi njani kum;
 Ukuba silungiselela ukuhlangabeza uYesu
 uKumkani,
 Lixesha eliyakuba mnandi njani.

¹⁷⁹ Ndiva kungathi yimvuselelo yohlobo lwakudala isebandleni. Aniva njalo nina? Ukuhlambulula kwakudala, ukukuhla ucoce; ukulunga, ixesha lakudala elimnandi. Aniva kumnandi kuni? Owu!

NdiyakuMdumisa, ndiyakudumisa,
Ndidumise iMvana eyabulawela aboni.

Masilicule ngoku, wonke umntu. Niyalazi? Ndiyalazi mna. Yiza, undincedise sikhokele, Mzalwana Neville. Nani nonke, sonke ngoku, masiphakamise izandla zethu nje, nilicule kunye nam ngoku, ngoku, ngale ntsasa.

Ndidumise iMvana eyabulawela aboni;
Mnikeni uzuko Yena nonke bantu,
Kuba iGazi laKhe lihlambe lonke ichaphaza.

¹⁸⁰ Ngoku, wonke umntu, masiye!

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Ndidumise iMvana eyabulawela aboni;
Mnikeni uzuko Yena nonke bantu,
Kuba iGazi laKhe lihlambe lonke ichaphaza.

Amen. Limnandi elo?

ISixeko esimhlophe ngokweperile,
Ndinendlu, uhadi, nesithsaba;
Ngoku ndilindile, ndikhangele ndithandaza,
Eso Sixeko simhlophe uYohane wasibona
sisihla.

Amen. Kuyamangalisa! Owu! Ngoku masime ngenyawo zethu, wonke umntu. Ndiyathemba ukuba kumnandi kuni. Nizikhumbule iinkonzo zangokuhlwa. Ngoku sifuna ukucula elo lethu limnandi, iculo lokusindulula lakudala.

EGameni likaYesu ndiyathoba,
Ndisiwa natya ezinyaweni zaKhe,
UKumkani wookumkani eZulwini
siyakuMthwesa isithsaba,
Lwakugqibeka uhambo lwethu.


Kulungile. Wonke umntu ngoku, kunye. Kulungile.

EGameni likaYesu ndiyathoba,
Ndisiwa natya ezinyaweni zaKhe,
UKumkani wookumkani eZulwini
siyakuMthwesa isithsaba,
Lwakugqibeka uhambo lwethu.

IGama elithandekayo (iGama elithandekayo),
Owu limnandi! (Owu limnandi!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elithandekayo (iGama elithandekayo),
Owu limnandi! (Owu limnandi!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

¹⁸¹ Yintsasa emnandi kangakanani! Lixesha elinjani ukuba mnandi! Masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje. Wonke umntu akhangele kanye ngokuthe ngqo kuKristu ngoku, uMsindisi wakho. Ngendlela ethe cwaka, ndifuna

ukuba uMbulele umdumise. Uthi, “Nkosi, ndiKubulela kakhulu ngokungewalisa umphefumlo wam. NdiKubulela kakhulu ngayo yonke into Ondenzele yona. UMoya waKho mawube phezu kwam imini yonke, Nkosi. Ndikhokele. Ndibonise. Ndisikelele.” Ukuba uThixo akuphe loo ntsikelelo, ngumthandazo wam lowo.

Ngoku ngeli thuba sithoba iintloko zethu, Mzalwana Neville wena sindulule ngezwi lomthandazo. 

Imimoya Elukhlayo

Julayi 24, 1955, Kusasa ngeCawa

Umnquba kaBranham, Jeffersonville, Indiana

Le Miyalezo ngoMzalwana uWilliam Marrion Branham, yaqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, ithatyathwe kwisishicileli mazwi yabhalwa ngesiNgesi ingafinyezwanga. Olu guqulelo lwesiXhosa lwabhalwa lwaza lwasasazwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2015 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org